UVeva wayevutha ngumsindo sesi sigezo singaka sala makhosikazi. Waye sel' enazo neendawana zokumana eqhwanyaqhwayaza oku kwesibane sombane xa siza kucima. Kodwa wazixelela ukuba akasoze abanike elo thuba lokuba bonwabe kuba ekhubekile.

## **UMalaleveva Nomkakhe**

Zathi zakuhamba iindwendwe zenkosikazi, uMalaleveva wayiphalaza imbilini yakhe ngencoko ebenayo noNtakumba engazange ihambe ngohlobo ebeqikelela ngalo.

“Ubona nje nkosikazi, mazi yakokowethu, ndiyile kwaNtakumba malunga nalo mcimbi wokusoloko sicwikilwa zezi ntakumba ubusuku nemini.” Ndimxelele ukuba andifuni kwanto ethi Ntakumba apha.” Uhambise esitsho uMalaleveva.

“Iyhoo! Usebenzile Veva sithandwa sam, sakutsho siphumle kukusoloko sizikrwela sizonwaya.”

“Ngelishwa, mazi yakowethu, uNtakumba undiphendule esithi akukho apho baya khona bona bengooNtakumba, kwaye abathandisi bani ngaloo nto.”

“Ubona nje sithandwa sam, le ndima yomhlaba inzima, ingathi kusekude ebhakubha, unjanjoku ixake nePalamente le yembala.” Uphendule esitsho unkosikazi kaMalaleveva.

## **KwaSanti**

Kusemva kwesidlo sangokuhlwa, abakwaBhangqo, uNosidima umkakhe kwakunye neendwendwe zabo, utishala uMpinga nowakwakhe uNonesi balungiselela ukulala.

Akubanga kudala zicinyiwe izibane kwelo gumbi leendwendwe, ooNtakumba nabo batsho bafumana into esiwa phantsi kwempumlo. Yaba nguloo dulukubhentsu yomcwikilo weendwendwe kuloo matrasi mtsha.

UNtakumba nosapho lwakhe baba nenyweba yokuthi iingubo abalala kuzo zithathwe zibekwe kuloo matrasi mtsha apho iindwendwe zazilungiselelwe khona.

Eneneni akukho bani owayenokufumana ububuthongo, nkqu nakuloo mashiti esilika ayenuka isiqholo i*Stay-Soft* sakwamlungu. Kwakungekho nandize-ndize obenokudlalwa zezo ndwendwe kuloo mandlalo ngenxa yaloo mtswikilondini naloo mfimfitho.

Kwasa zihleli iindwendwe, sezigqibe kwelokuba zicel' indlela zigoduke. OoNtakumba bona, babekobude ubuthongo ngenxa yokuzityela itheko ngephezolo, ezo ziso sele ingathi zibholana ezigqam-gqamana.

Phantse wonke umhlali welokishi yakwaSanti wayesazi ukuba indawo abakhe kuyo imizi yabo igcwele ziintakumba. Noko kunjalo, yayingekho enye indawo ababenokuthi bakhe kuyo ngaphandle kwalo mhlaba wakwaSanti.

## **Ezi Tsetse Fly**

“Ubona nje ndidikwe finishi zezi tsetse *fly*.” Uvakele esitsho uNkosikazi Oubaas ephazanyiswa ngooMalaleveva abaphuma bengena kwikhithi lakhe.

Ilanga litshisa kakhulu. U-Oubaas usesitalini samahashe, uwanika amanzi okusele.

“Iyhoo, yaqala inkathazo madoda.” Utshilo uNkosikazi kaMalaleveva akuva uNkosikazi Oubaas eshawutisa ngeetsetse *fly*.

“Ndiyithetha ke le nto izol’ oku, kuMalaleveva, ndisithi masihambe endlwini yomfazi kaOubaas, sizihlalele esitalini samahashe okanye ebuhlanti beehagu.”

“Imini inye yile yanamhlanje, asoze ndilawulwe ziitsetse *fly*’ emzini wam mna, tyhini yhini na le!”

Watsho evula ikhabhathi ekhangela iDoom yezinambuzane ezibhabhayo uNkosikazi Oubaas.”

Uthe akungayiboni wakhwazela phezulu, “Meri, Meri!” Usabele uMeri, “Medem.”

“Iphi iDoom Meri?”

“Iphelile Medem.”

“Kwaza kwathini ungandixeleli, ngoku ndiza kuzithini ezi tsetse *fly*’?” Akakhange aphenjule uMeri, usuke waya ngasekhabhathini wayivula wakhupha isibulali iTarget.”

“Zzzzz Zzzzzz Zzzzz. Bzzzz” Watsho uNkosikazi kaMalaleveva ebhabhela ngakuNkosikazi Oubaas obenzibe ilokhwe etyheli ekuthiwa nguVez’ umqolo ukubizwa kwayo.

Wafika wathi ngcu, wamfifitha kanobom loo mqolo uphandle.

Yekake uMeri, nanko sele ethsuthsuza loo mqolo ezama ukususa loo tsetse *fly*.

“Nyan, Nyan Meri! Ungathini ukundiflita, jonga ngoku ndinuka iTarget.”

Enikina intloko uMeri. “Hayi Medem, bendiflita le tsetse *fly*’ jonga nangoku inxilile.”

## **UMalaleveva Nondwendwe**

Ukhalile umqhagi njengesiqhelo uxelela wonke umntu osaleleyo ukuba kusile. Wavuka kwangoko uMalaleveva wasingisa ekhitshini eyokuzenzela ikofu engenalubisi. Wasese esenzela nomkakhe obesalele ikomityi yeti enobisi, waza wayibeka kwitafilana eyayilapho ecaleni kwebhedi.

Uthabathe ibhanka ebisecaleni kothango uMalaleveva waza waya kuhlala ngasebuhlanti bemfuyo yakhe. Nto-leyo ebengaqhelanga kuyenza kuba kaloku wayekuthanda kakhulu ukuphungela ezingubeni.

Uthe esaphunga njalo, weva ilizwi lisithi, “Malaleveva, Malaleveva”, kwangoko walaqaza ejonga ukuba lisuka phi elo lizwi, kodwa akazange abone mntu. Ufane wanikina intloko esonwaya ezo nwele zakhe ebezisele zibuxuba.

“NdinguSanti, uKhoko wooNtakumba.” Litshilo ilizwi.

Wasuka wangangcazela uMalaleveva ecinga ukuba akazange ayive nasemdudweni le ayivayo intetha. Noko kunjalo wathula wathi-tu cwaka, akathetha-nto.

Liphindile ilizwi lisithi, “Malaleveva, Malaleveva.”

“Ndikubonile utshutshisa isizukulwana sakwaNtakumba, usigxotha nakanjalo kumhlaba waso. Mhlaba lowo esabashiyela wona thina Manyange booNtakumba. Mhla nezolo ungcungcuthekisa uNtakumba kwakunye nosapho lwakhe, kuba engavumi ukuqweqwediswa nguwe namahlakani akho.”

Kwesi sithuba, uMalaleveva uxhume wema ngeenyawo sele ephandlwa yiloo santi ingene emehlweni akhe. Sele kuchithakala naloo kofu yakhe ebesayiphunga. Uvalo lona lwalusithi ndo-ndo-ndo esifubeni engazi nokokuba makathini na.

Uthe esafuna ukuziphendulela uMalaleveva sefefi luloyiko, suka uSanti wenza isitshingitshane somoya, nesathi sazibhijela kuMalaleveva. Waasuka wema nkqo oku kwepali yogesi uvalo lona luquqa lubuyelela oku kwamanzi olwandle.

Wahambisa uSanti esithi, “Akunalo tu kwaphela igunya lokuthabatha umhlaba wakwaSanti. Xa ubagxotha ooNtakumba uthi mabaye phi na, bona neentsapho zabo? Andithi ixesha eli lonke nisoloko ningekho kwaSanti, nisemizini yenu kumahlaha?” Wanqwala ngentloko uMalaleveva evuma oko kuthethwa nguSanti.

“Uyabona ke, ukususela namhlanje uze uchule ukunyathela, ungaze ube uphinde udlalele ngakwisizukulwana sam ooNtakumba, kungenjalo uya kuyazi into ehlafunwa ngooSanti xa ubanyathela ekonsini. Ndiyathemba sivene.”

Emva koko kwathi cwaka tu zole. Naloo kofu wayeyiphunga uMalaleveva yayisele ibanda ceke.

## **UMaleveva**

Uvakele ebuza uNkosikazi kaMalaleveva “Eshe Veva myenam, kutheni usuke wampatshampatsha okungathi ubone isiporho?” Waasuka wadukisela uMalaleveva okungathi akawuvanga loo mbuzo. Ubilise iketile ezenzela enye imagana yekofu, waba sel’ ethatha namagwinya amabini ewabeka phezu kwetafile. Usese wachopha esitulweni ecaleni kwetafile leyo.

UNkosikazi wakhe ebesa zamisa imbiza yepapa yabantwana. “Hayi Nkosikazi, wena uthetha nje kub’ into ungayazi.”

“Uthini na ngoku?” Uvakele ekhuza, ebuza uNkosikazi. “Nkosikazi, andenelanga ukusibona koko bendithetha naso ubuqu.”

“Owu hayi kanene wena Veva ndilibele okokuba uliqhula. Sivuka nje wena sele unentsomi zasebusuku emini. Ulumke ke, ungaphumi iimpondo.” Etsho ehlekela phezulu uNkosikazi kaMalaleveva.

“Ubona nje Nkosikazi andiqhuli. Ndithe ndisahleli ngasebuhlanti suka ndeva ilizwi lindibiza ngegama. Ekuqaleni ndibe nendawo yokungahoyi, ndicinga ukuba ndiyaphazama. Kodwa lithe lakuqinisela ilizwi ukundibiza sele lisithi linguKhoko wooNtakumba, ndaqonda kwangoko ukuba iliwa libheke umoya.”

Emangalisiwe umkakhe naye sel’ eqonda mhlophe ngoku ukuba uVeva lo akaqhuli. Uvale loo mbiza ebeyizamisa yepapa waza wachopha kwisitulo ebesinganeno kukaMalaleveva. “Hayi mandoyiswe” eqwaba izandla.

Uye waqhubeka uMalaleveva emchazela ngako konke okwenzekileyo uNkosikazi wakhe.

“Hayi inene, ndaza ndakuva zwindini. Yinto eza kuthiwani le ngoku Veva myenam? Sele esonga ingalo ezibeka esifubeni.

“Ubonanje Nkosikazi nam ndisamatshekile. Uzuqonde andiyazi nokokuba ithiwani into enje madoda, kuba kaloku andizange ndasiva esi simanga nditsho nakwiintsomi zikaNoquku.”

“Kuya kunyanzeleka okokuba wenze unakonako wokufumana isisombululo sale nto kwamsinyane, unjanjoku akungekhe ukwazi ukuyisombulula ngokunokwakho.” Ivakele isitsho iNkosikazi yaseMavaveni kumyeni waso.

Wathi tu, uMalaleveva akabinanto ayithethayo. Kwakucace mhlophe ukuba limyile, akanamagama. “Yinto aza kuyiqala ngaphi ukuyithetha kuhlanga lwakwaMalaleveva le? Khona ngubani oza kukholelwa kwimfitshimfitshi yesiporho sakwaSanti esithethayo?”

Eneneni, yintsumantsumane yakwa mkhozi le abejongene nayo. Kwaye isisombululo sinye kukuba enze njengoko ebeyalelwe. Wazikisa njalo ukucinga uMalaleveva.

## **Intlanganiso YooMalaleveva**

Akazange abe salibazisa uMalaleveva, wayalela unyana wakhe uSilumko okokuba ahambise isazisi seleta echaza ngentlanganiso engxamisekileyo yabo bonke ooMalaleveva eya kuthi ibanjelwe phaya eMithini.

“Makwedini, thathani la maphetshana niwase kwimizi yonke yakwaMalaleveva.” Utshilo uMalaleveva koonyana bakhe nabathe bacela ootshomi babo babancedise.

“Isaziso! Isaziso! Sentlanganiso eMithini niyamenywa nonke bahlali!”

Bathi bekhwaza njalo, babe behambisa loo maphetshana kwananjalo, emizini nakubantu abasezitalatweni. Yathi ibetha intsimbi yeshumi elinambini sabe sele siseMithini isizwe sooMalaleveva.

OoMalaleveva baphuma ngobuninzi babo bezokuzivela ukuba yintlanganiso etheni le ingxamiseke olo hlobo.

“Sizwe sakwaMalaleveva, mandinibulele ngokuthi nakubizwa niphuthume nize kusabela oko kudla umzi.”

Wayivula njalo intlanganiso uMalaleveva. “Ngamafutshane ndingalibazisanga. Sele kulithuba ngoku sizwe sooMalaleveva sishukuxa le nyewe yethu nooNtakumba malunga ngalo mcimbi womhlaba, kwaSanti. Ngelishwa nangebhadi, iNkundla igqibe kwelokokuba umhlaba wakwaSanti ubuyiselwe kubanikazi babo ooNtakumba.”

Uphakeme xa kulapho uSibonda uZibondiwe sele engqina oko kuthethiweyo, ngelithi “Esi sigqibo sithetha ukuthi, udushe noxhwithaxhwithano ngomhlaba wakwaSanti maluphele luthi nya!”

“*Zzzzzz Zzzzzz.*” Bahumzela njalo ooMalaleveva, bambi bechasene ngesi sigqibo belugcwabevu ngumsindo. Bambi sele bekhalaza besithi baza kumfimfitha bani bona xa kucaca ukuba ooNtakumba banelungelo lokucwikila badle ubuncwane obufumaneka kwaSanti kuquka iibhedi, amashiti kunye neengubo!

## **Undwendwe LukaNtakumba**

UNtakumba nobehleli ezitshayela umdiza phandle ecaleni kothango, waabona ngokufika kukaMalaleveva kwakhe, phofu emangele kukuphinda ambone kwakhe oko bohluhana ngala mhla babehleli bexoxa phantsi komthi.

Kwangoko uNtakumba ukhwaze amakhwenkwe efuna aze nebhanka khonukuze achophe uMalaleveva.

“Molweni kwaNtakumba.” Ubulisile wenjenjalo uMalaleveva sele ebuza nempilo.

“Sibulisile nathi uSanti usasigcinile. Kungaba nisihambele ngantoni kweli khaya ngensteni kangaka?” Ubuzile uNtakumba.

“Hayi, sithi masize kubonisana ngesaa sigqibo iNkundla eqgibe ngaso malunga noSanti.”

“Ohh, qhuba simamele.”

“Njengoko nisazi okokuba iNkundla ePhakamileyo igqibe ekubeni sibe nokuxhamla xa sisonke thina booMalaleveva kwakunye nani booNtakumba koko kusiwa phantsi kweempumlo. Ekumfifitheni nasekucwikileni abo balele ezibhedini nasezingubeni, ukanti nabo basoloko bekhanyisa izibane zabo bengayivalanga iminyango yabo.”

Wenjenjalo ukuthetha uMalaleveva ngokuzama ukukwakha ubudlelwane phakathi kwakhe kwakunye noNtakumba. Eqonda mhlophe ukuba wayivusa ihagu izilalele elangeni mhla wayegxotha ooNtakumba esithi akabafuni kwakhe.

## **Ixesha Lixeshile**

“Yinile, nalala kusile phandlapha?” Watsho uNontakumba sele kucaca okokuba intokazi le idikwe yeyokosa. Kaloku kuthe nje okokuba umqhagi ukhale waba yena sele ephakama emondlalweni eyokubilisa amanzi empunga yakusasa ekhitshini khon’ ukuze baphunge yena noNtakumba, aze alungiselele ukuxova isonka samanzi. Kaloku namhlanje yimini enkulu kooNtakumba yokubhiyozela uSanti.

Oonyana babo abathathu babehlala kurontabile wabo kwalapha edyaridini. Kaloku uNtakumba uyise wabo wayenomhlaba omkhulu phantse kubo bonke abantu apha elalini.

“Hayi inene ndizakuyicela ivuthiwe le yalowam umzi, xa bonke belibele kukurhona ngelilixa isizwe sonke sibhiyozela iziphumo zeNkundla ephakamileyo!” Uvakele esitsho uNontakumba.

“Nkosikazi, uyaluthanda uchuku, yintoni le nto wahlala uprikana nabantwana okungathi bazi prayima stovu?” Ukhalime esitsho ngelizwi eliphantsi uNtakumba. Phofu ezitshayela umdiza wakhe. Uvakele sel’ esithi ukuba ibingenguwo lo mdiza awutshayayo ngeba sele kudaloo waba sendimangeni yasebhofolo.

“Sith’ aba mama.” Uvakele esitsho unyana omkhulu uVelile sel’ elandelwa nguSapho kwakunye noLwandile.

“Oh, ndiyabona. UVelile, besele ndiba nizokunyangwa ekhay’ apha xa nilala ‘de kuphume ilanga.”

*“Kuzoba nje, kube nje, xa sithandaza.*

*Kuzoba nje kube nje, xa sithandaza.*

*Xa sithandaza. Xa sithandaza. Xasithandaza.”*

Yavumela phezulu intokazi xa usapho lwayo luhlangene kwelo khitshi lukwavuyisana noNtakumba okhokela isizwe ngokungagungqiyo.

## **Umbhiyozo Efama**

Kuhleliwe kwivaranda yangaphambili, nguMalaleveva, kwakunye nomkakhe, bexoxa. Esi sibini sasilizwe ngamawele entombi zabo uZoe kwakunye noZazi. Yintseni yangoMgqibelo, emva nje kwecala ibethile instimbi yesithandathu. AbakwaMalaleveva abakhange babufumane buthongo buhlayo ngenxa yokulungiselela umbhiyozo wooMalaleveva kwakunye nooNtakumba.

UZoe noZazi bebesele begqibile ukuhlamba besele benxibile, belungiselela ukutya ipapa kamilimili ze bandule bancedise unina ekubhakeni izikontsi nokwenza isiselo sejinja ethandwa kakhulu ekhay' apha.

UMalaleveva waya kukhawulela iqela lombutho lakwaMaleveva edolophini, ebazisa kwakhe efama. Kaloku akukho nto ebeyiswele umfo lo, kangangokuba babede bamqhule oozakwabo bathi, nguSuswana sibomvana.

Wonke ubani weza ephethe into yokongeza koko kwakusele kukhona apho kuloo mbhiyozo. Kwakungumlisela nomthinjana. Amadoda esenza inyama eyosiweyo, abafazi bona bepheka oni nooni.

Abantwana babedlala koojingi, kukhatywa neebhola. Bambi bakhetha ukudada edamini elalikufutshane apho.

“Usebenzile mfo wakwaMalaleveva ukusiphathela uxolo kwisizwe sethu. Kwaye ukususela ngoku, indima yakho ekubumbeni isizwe iya kubhalwa nakwiincwadi zobugcisa.” Watsho usihlalo weBhodi yombutho wezopolitiko.

“Ndibulela inkxaso enithe nandinika yona kobu bude bendlela nto zakuthi.” Watsho esithi itheko malifane nelinye itheko, bonke bakhulule iibhatyi kwanefasikoti zabo kwatywa konwatywa, kwamnandi.

## **Uxolelwano**

Zavakala iindaba zokuxolelana phakathi kwesizwe sooNtakumba kunye neso sakwaMalaleveva. Bambi babengakholelwa besithi “Hayi yintsuma-ntsumane yenstomi emini leyo.” Ukanti abanye babesithi “Sukaa, lulwimi etywaleni olo.”

Kaloku akukho bani obengayazi imbali yokuphatheka gadalala kooNtakumba kwaSanti ngabakwaMalaleveva. Nto leyo eyayibangela ukuba esi sibini sijongane ngamehlo esikhova.

Nangona uMalaleveva engazanga wayithi thsuphe nakubani na into yesiporho, phantse wonke ubani wayenesikrokro sokuba inkulu into ebangele uMalaleveva abe kanti utshintsha indlela acinga ngayo kwanendlela ababonayo ngayo ooNtakumba njengabamfifithi beemfanelo zomhlaba wabo ooMalaleveva.

“Hhe bafondini, niyasikholelwa esi simanga soxolelwaniso kweenkunzi ezimbini ebezifudula zijongene ngezikhondo zamehlo?”

“Jonga Bra, thina asikhathalele ziphumo zenkundla ebikade isitya amatyum sibe thina sizwe sooNtakumba sibhekiswa ngapha nangapha ngenxa yooMafikizolo abangooMalaleveva. Inye qwaba into esiyifunayo, kukuzonwaya nathi emhlabeni wooKhoko.” Utshilo uBhekabambhentsele sel’ erhabula kuloo bhekile yomqobhothi ububekwe phambi kwakhe.

“Ee, bantakwethu inye nje into endizokuyithetha mna, yeyokokuba liphelile ixesha lokuba sibe sidlala upuca. Phofu puca lowo ungasadlalwa nangubanina kule mihla mile...millenam, khawutsho mninawe yintoni kanene?”

“Hayi bhuti uya kuthini ukusihlaza phakanti kwabantu. Zinkosi, ubhuti uzama ukuthi millennium.” Tyhini, kwatsho kwasa, ephendula ubhuti ngokuzingca ukuba uNtakumba eze nalo eli gama.”

Kwahlaliwa kuncokolwa ngoxolo yinxenye yooNtakumba kwakunye nooMalaleveva. Enyanisweni kona babekho abo babengakuthakazeleli oku kuxolelana nolu manyano, ngezizathu zabo ke phofu abathi bazigcina kwezo zifuba. Kazi luxolelwano lokwenyani na olu?

# II

## **Entle Kangaka**

Igama lam ndinguNobomvu ifani yam ndinguMeva. Ndiyintombi yamazibulu kwintombi ezine zalapha ekhaya apha. Eligama ndaliphiwa ngumakhulu wam, kuba mhlana ndizalwa izidlele zam zazibomvu oku kukaNwelezelanga. Ngoko ke ndikhula ndizithanda kakhulu impahla ezibomvu.

Xa undibamba funeka uchule ukwenza njalo kuba umzimba wam uhonjiswe ngezacholo zameva ahlabayo. Umakhulu uthi ndimhle ngaphakathi nangaphandle. Yiyo lonto nanamhlanje ndisabizwa njengevazi yekhaya.

Minazana ithile ndathi ndisasela amanzi amyoli ombethe wakusasa, suka kwathi gqi uZim-zim omkhulu ndisadlala nabanye abantwana, wandinchothula ngeezozandla zakhe zikhulu. Ndaakhamisa ndifuna ukukhala, ndaazama ndizama ndimemeze suka latshona ngokutshona ilizwi lam ndaminxeka.

Uvalo lona lalubetha kakhulu kwaye lumana luquqa lubuyelela ngamandla ukusiphakamisa isifuba sam. Suka Ndabhubha bhubhiyane kukoyika, wabe yena uZim-zim endirhuqa, kwakungekho nethemba lokokuba ndingavuswa nditsho nangula Mprofethi wasetivini wavusa umfana sele ekhefuzela kukoyika. Waaqhubekeka uZim-zim waqhubeke ehambela phezulu ngokungxama. Wayegxanya engeva nasandi sangxolo soxolo.

Uthe uZim-zim wakufika kumlambokazi omkhulu, wamemeza ngelizwi elikhulu eshwantshwatha into endingayiviyo. Suka Ngesiqhuphe kwavela inkondekazi yexhegwazana lezimu lincumile. Labuza kuZim-zim ‘uyithathaphi entle kangaka intyatyambo?’

## **Inkosazana**

KungoLwesihlanu ndibuya edolophini. Ndisindwa ziplastiki. Ndidinwe oku kweMbongolo imingxi endleleni. Ndithe ndisacinga, simangandini, gqi ne Mbongolo isitya ingca de kufuphi nesango apho ndihlala khona.

Ndingenile esangweni ndicinga ukuba kanene kusafuneka ndinyuke izitepu. Ndithe ndisezingcingweni njalo, suka ndakwanqiswa kukubona abantu bonwabile, kubengwa inyama kwananjalo. Ndiye ndakhumbhula okokuba yimpela nyanga, kuxhelw' exhukwane. Ndaziva selendisithi 'kwaku madoda, okokuba bendazile ngendizithengele noba ngamaphiko enkukhu amabini egameni lokurolisa.'

Ndibuye ndakhumbula okokuba bekungazi kulunga ukuba bendiwathengile loo maphiko. Kaloku umalume wayedla ngokuthi yena akawatyi amaphiko enkukhu kuba inkukhu iziqhwetha ngawo.

Ndithe ndisezezingcingeni njalo, suka akhalaza amagxa no mqolo esithi, "Hayibo sidiniwe thina kukusindwa"! Ndayiqonda kwangoko ukuba, njeba ndilibele yeyokosa sele ku five to, ukuba iNkosazana izibone sele inxibe isihlangu esinye, ze iinqwelo zamahashe zijike zibe ziimpuku, ze yona iNkosazana ijike ibe nguNomadlavazana.

## **UNokati Nevaskom Yamanzi**

MBharha! Saatsho isithonga sokubetheka kukaNokati emnyangweni wasekhithshini. Utake kwangoko uMakazi kweso situlo ebehleli kuso, sele khwaza, “Linda, Linda kuqhubeka ntoni?”

ULinda uphendule sele esezi tshikini oku komntu ongafuni kubuzwa nto. “NguNokati Makazi.”

“Utheni uNokati”

“Uchithe amanzi ebesevaskomini phezu kwebhedi.”

UNokati weenza umtsi wombane ukuya kuphuma ngomnyango wase franti sele emanzi tixi sele enazo neendawo zokutyibilika. Waatsho ngo “nyawu, nyawu” osuka emazanzi esuswini, kucaca okokuba ubetheke kabuhlungu.

“Tyhini uLinda, ivaskom yonke enamanzi phezu kwe bhedi, ikhona iflori? Xa iyintoni ebangele ukuba uhlambele kwikamire kabhuti no sisi?” “Akubhadlanga mos.” Uvakela ekhuza, ezibuza ekwaziphendula uMaki

ULinda usuke wamthi ntsho ngamehlo anetshiki. Ndaweni yokokuba amphendule, usuke wabhizi ekhama ezoo ngubo naloo mashiti ayemanzi. Imiqamelelo yona yazibona sele iphantsi. UMakazi wema bhunxe ezolele impendulo. Tu impendulo uLinda wasuka wazityela amacwaka, esenza le ayenzayo, ukufaka iingubo evaskomini.

Njengokuba uMakazi wayerhawuzelelwa ngamakhwapha ubuso bukhazimla ngumsido. Umbilo ungeva tshefu. Wayibambha lo mpama yakhe kufuphi nesinqe sakhe. “Hayi inene. Le! Yokukangahoywa. Ndakuyicela ivuthiwe, ndifung’ uMama.”

Waanyoshoza ephuma, ezixolisa ngelo, ngoba abakwa sisi wakhe abantwana abaqeqeshwa ngokubethwa.

## **Ukubhomboloza KukaLinda**

ULinda wavakala ethetha yedwa sel' esithi “ndindikwe nyani nguMaki, ude ahambe nini, kuba nale mvuselelo ebeze kuyo kudala yaphelayo.”

Kwakusele kuphele iiveki ezimbini oko wafikayo uMaki kungacaci nokuba uzimisele ukugoduka nini na. Wayengasathethi nto tu ngokugoduka. Nto leyo eyamangaza nkqu nabazali bakaLinda.

UMaki wayesebenzise ikamire kaLinda. Wasuka wapholelwa ngamalanga bubuntofontofo bebhedi kaLinda nokumehlisa emonyusa, ukumthuma ngapha nangapha. Iphela imini yangeCawa uMaki esacela ukwenzelwa iti. Xa kulapho, uLinda ugqwashule, “...andazi uMaki uhamba nini apha ekhaya,” uvakele ebhomboloza eshwantshwatha into engavakaliyo. Sive ngoshixishixi wezihlangu ukuba uya ngakhona ekhitshini edikwe enjalo. Besele kucace nasesidengeni ngoku ukuba uMaki uyolelwe yila Mana yamaSirayeli yawagqwetha enza ithole legolide entlango.

Kuthe kwakuphela umbane kwacaca uMaki akasonwabanga ngoku. Uthe umama kaLinda evula umlomo, wabe uMaki ecela indlela.

## **Abatyeleli**

Akukho nto idika nje ngokokuba, nithi nisazihlelele nodwa nilusapho, nisazonwaya ngokunjalo, suke kuthi gqi-qhaphu isizalwane okanye isihlobo sifike size kucoba ezaso iintwala kowenu. Lube undwendwe olo ke phofu lungakhange lusazise ukuba lusendleleni. Uvakele esitsho uToto xa ebona kumisa ibhasi yakwaTranslux phambi kwendlu yakokwabo isothula uDabs.

“Thiza wam, yinto esiza kuyithini le kadadobawo, osoloko ecinga ukuba yindlu yabatyeleli ikhaya lethu?” utshilo.

“Toto, khawuze kaloku sana lwam uzokuphathisa udabawo.” Yindlela le ebembiza ngayo uDabs uThomas.

“Zishiye apho esangweni Dabs ndiyeza ndisekwindlu yangasese.” Ephosisa uToto kuba wayeme ecaleni kwehoki etshaya nogxa wakhe uTimboy.

Uthe-nje sel’ engena emnyango wabe sel’ ekhala ngeemyawo ezidumbileyo uDabs ngenxa yokuhlala ebhasini. Wabe sele ezilahlela kuloo khawutshi intofontofo yase-lounge. Akubangakudala, uToto wabe sele eyokuthatha iibhegi ezo.

Ungenile uToto sel’ ekhalaza. “Dabs kutheni zisinda kangaka ezi bhegi zakho ngokungathi uzokuhlala unyaka wonke aph’ ekhaya.”

“Tyhini, uthi kutheni? Khon’ ukuba ndizohlala unyaka wonke ifuna wena loo nto?”

“Ndiyabuza nje Dabs.” Esitsho ehleka uToto.

“Usuke wathini uDabs ingathi unomsindo nje?” Ubuzile uTimboy.

“Uyamazi nawe uDabs unjani Timboy sani, ngakumbi xa ezekwi-fed up leave endingaziyo okokuba ucinga iTayma ne oulady bona abanazo ezabo iingxaki.”

“Thozama sana lwam, khawenzele uDabs ikofu, usele undipha kwesi sonka sombhako ndize naso, nani nisisikele.”

“Lowo umke kwakusasa noMeza besiya ejopini kwaGasela. Ndiza kwenzela Dabs.” Uphendule uToto encwase ukufumana kulo mphako womleqwa nesonka sombhako aze naso uDabs.”

Baye bancedisana noTimboy, omnye esenza ikofu, nomnye esika isonka. Basese bezisikela kuloo mleqwa uqhotsiweyo. UToto wakusa ukutya kuDabs ngetreyi.

“Undincedile sanalam, utshilo uDabs sel’ esitya engqengqe ngecala.”

“Ubonanje Timboy, andiqondi ukuba i-oulady liyayazi ukuba uDabs ulapha.”

“Kanjani? Utheth’ ukuba uDabs usuke weza engaxelanga?”

“Ewe, yinto yakhe leyo uDabs. Masenze sihambe singekashiywa nguJoe.”

UToto wayaleza kuDabs ukuba basemkile, wasese etshixa umnyango wasemva baphuma kongaphambili.

## **Zigqats' uBhobhoyi**

“Ubona nje myeni wam apha kulo mhlaba umagad’ ahlabaya eneneni akukho ukuphumla. Uthi usajonge le kube kusithi gqi leya.” Uhambise esitsho umfazi waseMabheleni uNobandla xa bebehleli emandlalweni kwigumbi labo lokulala. “Pewu! Iyawa yintoni na ngoku nkosikazi ozanayo phakathi emandlalweni?”

“Bendiba siza kukhe sonwayane imihlana, kanti wena usafuna ukuthetha umwembebele wento?” Utshilo uBhele ebudanarha kuba kaloku yena ebenenjongo ezizezinye nezingenakwenza nancoko. Uvakele uNomthunzi esithi, “Wayenyanisile uMakhulu, alitshoni lingenandaba. Eneneni andazi nokokuba konakele phi na kwiSizwe sakowethu.” “Iyawa yintoni ngoku Nobandla, ude uxhalabe zizinto ezikude lee kunawe?” “Hayi Bhele myenam, uya kuqonda phofu ukuba kubangasa, kubangahlwa ngumbhodamo, phantsi phezulu.”

“Khawude uphum’ egusheni ndizokuva kakuhle Nobandla.” “Mihla le Bhele, dithi ndaku cofa unomathotholo ezona ndaba ziphambili kukubulawa kwabantu ababhinqileyo ngamadoda abo, okanye zizihange ezikhohlakeleyo abadibana nazo ekuhlaleni. Kwelinye icala ngabazali aba bulala abantwana babo.”

“Liyinyani elo nkosikazi. Namlo, andazi okokuba kuqhubeka ntoni kwiSizwe sakuthi, kuba ulwaphulo mthetho lungxamele ukuqabela ilitye likaPhungela ngenkqu.”

“Uthi usajonge leyo Nkosi elungileyo, uve okokuba nako-nako kuhlaselwa abemi bangaphandle ngabemi besizwe sethu. Hayi ke, andisathethi ngabezo Politiko, hayi mtwakwethu iyileyo ilala ngeli, ivuke neliya. Ndingazi ke nokokuba mandise eyiphi kumantyi kanye xa kulapho, kuba kaloku apha ekuhambheni ndifunde into yokokuba, akungeze uzithembe ncam ezopolitiko. Zizithembiso zemisebenzi, zizithembiso zezindlu, zizithembiso zokulwa nodlame. Hayi torho, zizithembiso ngapha nangapha, kodwa dololo iziqhamo.”

“Eshe, kutheni usuke wathula ngokungathi ufak’ ekeyakho intlanganiso myenam?” Udanduluke esitsho uNobandla emathidala ngulo cwaka womyeni wakhe. “Hayi nkosikazi torho, kaloku bendisamamele kuwe mfazi wakuthi ndingafuni ukukuqhawula okukwe mpukane egaxeleka *etini*. Nam ndiyavuma, sisiSizwe sidinga elo Hlathi ngawo lo mzuzu, alamaqhwa nala manyundululu esizwe sakowethu esisele singu ndabamlonyeni kwiintlanga nezizwe emhlabeni jikelele.”

“Yitsho uphinda myenam, sidinga elo hlathi elabonakala livutha umlilo ongapheliyo kanye eliya lomkhonzi uMosisi. Sidinga elo hlathi ekombiwa kulo uMathunga wokuphilisa la

manxeba-nxeba asibangela unxunguphalo noku xineka kwemiphefumlo yethu. Sidinga loo mijelo okuhlamba la manyundululu amasikizi athelwe nqa naziiMbongolo zona zilulamileyo, zithozamileyo zizingcayo ngobuMbongolo bazo.”

Wathi esathetha njalo uNobandla suka weva ngorhooooo, rhoooooo, wokurhona kukaBhele sele ekobunzulu ubuthongo, engakhange waba safumana neloo thuba lokonwaywa kwaloo mihlana.

## **Umolokazana uNowethu**

Kwakusele kuyiminyaka engamashumi mathathu uNosiseko, udadeboSajini watshatayo nomyeni wakhe uMtololo. Kaloku esi sibini sahlanganiswa nguSajini ngenkqu mhla wayeye kuphuthuma udade wabo lo kwisikhululo sikaloliwe eKapa.

Kwathi ke kuba inqwelo kaSajini yayisesegaraji iyokulungiswa, waza ke umfomkhulu wacela isihlobo sakhe sasenzweni uMfundisi uRhasimeni ukuba amncede ngokumsa edolophini kwisikhululo sikaloliwe baye kuphuthuma udade wabo.

“Ee hayi ndikuvile sihlobo sam, masitsho sihamba, kuba ixesha lixhatshwe zizinja, kungenzeka ukuba udade wenu sekudala ekulindle.” Batsho ke bekhwela emotweni besingise edolophini apho. Eneneni, bathi besehla ngezitepisi ukuya apho wayemise khona uloliwe wabe sel’ ekade ebalindle udade boSajini.

Yaba luvuyo nochulumanco ukuhlanguka kwabazalanayo, bebehleli bengumtya nethunga kakade. “Iyhu bhuti, yhini ukundifaka emaxhaleni. Bendisele ndizibuza ukuba yinto endiza kuyithini le yokokuba ndiyokukhwela iteksi nalo mthwalo unzima kangaka.” Wancuma ngolo ncumo luka blankethi uSajini sel’ esithi “ungabisakhathazeka wena nomdade naku sele sikhona, ntonje ndiye ndonakalelwa yimoto nangoku sithetha nje isegaraji.”

Ngalo lonke eli lixa umntu nodade wabo besabukana, uMfundisi uRhasimeni ubaze iindlebe umamele, nezandla zisepokothweni. Uvakale sel’ esithi uMalaleveva, “Ee dade, sisihlobo sam esikhulu esi uMfundisi uRhasimeni okhaya lakhe likuKomani, Ezibeleni. Ngokwentlalo ulapha eNyanga eMission phantsi kwebandla lakhe iAll Ages church.” UMfundisi ube sele khupha ezozandla besele kade zifudumele wabe sele ebulisa ebambha ngazo zozibini.

UMfundisi lo, waye elufafa olude lomfana ochul’ ukunyathela, omazinyo ayemhlophe qhwa, ekhatshwa loloncumo luhlaziya umphefumlo Yaba ngumnqa ke lo, kudadeka Sajini, kaloku indlela akwasuka wafana ngayo umfundisi kunye nomyeni wakhe yaba nge mangalisayo. Noko kunjalo akazange athethento ngalonto. Wabulisa exhawula umfundisi ngezandla zozibini. Yathathwa ke loo mithwalo yeesutikheyisi ezimbini yafakwa emotweni, batshona khona endleleni eyayisingise emzini wesibini kaSajini apho ebeye achithe khona iiholide zikaCanzibe kwakunye nosapho lwakhe.

Hayi ke uvuyo olwaba lapho kwelo khaya kubukwa usisomncinci okwangu dabawo wabantwana kaSajini. Wavuya kakhulu unkosikazi kaSajini ukubona isikwiza sakhe sibukeka ngcono kunakulo nyaka upheleleyo. Kaloku uMyeni wodadeboSajini, wasuka wathatha umfazi wesibini nto leyo intombi yakwaSajini eyamkhubekisayo kuba ngalo lonke ilixa emzini

babehleli bemnukuneza ngobudlolo bakhe, nto leyo eyayisele izindaba zempunga kwelo khaya.

Ngaminazana ithile wagqiba kwelokuba udikwe yeyokosa, akasokuze anyamezele ukwenziwa intlekisa.

Wapakisha okukokwakhe sele ejongise umbombho kwam Khuluwa wakhe eKapa. UMyeni wakhe akazange ahlopheke kuyaphi kaloku kwane zonkomo zekhazi waakhupha zantlanu kuphela akazange abuye nezinye.

Kwathi kanti ukonakala kwenye kukulunga kwenye. Ngenye imini uSajini noMfundisi besahleli bencokola, wazibika uMfundisi esithi, “Mhlobam, ubonanje ndiphandliwe ngudade wenu, eneneni ndaphandlwa kwa ngolwa suku endandiqala ukumbona. Uzuqonde ndinomqweno wokuphinda ndimbone. Umqweno wam kukumcela abe yinkosikazi yam. Asoze ndidlale ngaye tu ndiyakuthembisa.”

Tyhini! Yaba ziindaba ezimnandi ezo kuSajini. Ngenene zonke izinto zokucelwa kwentombi nokulotyolwa zenzeka ngephanyazo. Hayi ke andisathethi ngaloo mtshato owamisa izikolo ngentsimbi yeshumi elinanye.

Mhla ngeCawa sele uduli lusisa uMtshakazi emzini walo, uMtshakazi wazifihla kwigumbi elincinci ecela kule yabantwana. Yaba zinyembezi zovuyo ezo, ezazohluke kwaphela kwesasijwili sikrakra esavakala mhlana umyeni wakhe wathabatha isithembu.

Ekugqibeleni kuthe kanti uThixo ujongile. Kumzi omtsha waathiywa igama lokokuba nguNowethu “kuba kaloku umthandazo wethu kweli khaya lakwa Rhasmeni ufezekisiwe ngobukho bakho kweli khaya.” Waatsho udadobawo kaMfundisi, selehlabela ingoma esithi

*“Umakoti ngowethu. Siyavuma!*

*“Uzosihlambel’ asiphekele. Siyavuma!*

*“Sithi yelele, yelele. Siyavuma!*

*Halala, nguwo nguwo ngumtshato!*

Esi sibini sabatshati, sasigcwele luthando oku kobisi luchithakal’ esityeni.

## **Impixano Yangaphakathi**

Ebhencabhenca amathambo uDyoki uhambise esithi, ngokokubona kwakhe ukho lo dyakalashi ubaleke noncumo lukaNqikilitye waza wayokulwambela phantsi kwelityekazi elikhulu endleleni esingise eMaclear. Akazange asikholelwe esi simanga uNqikilitye watsho ehleka kaloku kuye le ithethwa nguAsindimndenzeni. Yayifana nqwa nentsom' ebaliswa emini. Nto leyo awayengafuni tu ukuba yinxalenye yayo njengoko wayengazimisela ukuphum'impondo emini yena.

UDyoki ubize abakhwetha bakhe kuquka nomkakhe ukuba makhe baze nganeno kuloo ndlu kuvunyiselwa kuyo, bombele baxhentse khon' ukuze itutu elingudyakalashi liqikaqikeke kuloo mqolomba likulo de libuyisele uncumo lukaNqikilitye kuye.

Kwaculwa ke kusombelwa kuyiloo nto kodwa nkqi, udyakalashi ukucela. Waqala ke uNqikilitye ukuzibuz' ukuba xa wayezokufuna ntoni na apho kwaAsindimndenzeni. Sel' esitsho ngoku ecinga amazwi omnakwabo ongumshumayeli omkhulu weebhatyi ezibomvu xa wayefudula esithi "...akukho nto igqitha ukunika idolu ukutya kwalo."

Ekubeni ke sel' ehlawule uNqikilitye loo mali yemvumisa kwa naleyo yokunyangwa, wanikwa ichiza amakafefe ngalo phambilini kokuba alale ngokuhlwa kwangaloo mini. Ekwathenjiswa ukuba kothi kusisa lube uncumo lwakhe luhleli phezu kwesituphu lumlindile. Ngenene, wenza njengoko wayeyalelwe uNqikilitye.

Ngobo busuku, uNozesazi umka Nqikilitye wayefuthekile emana ngokuthi "inene ndakuyicela ivuthiwe ke le, yiva ukuba ndikuxelela." Ngentsasa yemini elandelayo, wavuka ngensteni ngethemba lokufumana uncumo lwakhe emnyango. Suka ndaweni yoko wabona owona mbono ebengawulindelanga lowo wehagu emnyama thsu ifunxa amanz'amdaka nemichamo ezitshembeni zakusasa. UNozesazi yena wasuka wabambelela izandla esinqeni esithi "nantso ke, ndiyithetha ke le nto."

Ngelokuncama, uNqikilitye wabhenela kwaGrirha apho wachazelwa ukuba uhlutshwa sisifo seendlathe nezithe zaphazamisa inkangeleko yobuso bakhe. Wanikwa amayeza nomyalelo ongqingqwa wokuwasebenzisa. Lwatsho lwaphela uxinzelelo. Wonwaba umfo kananisti.

## **Intsika Yekhaya**

Ngelinye ilanga, ngoMvulo ezintsukwini, waqhawuka ujingi abantwana besadlala. Latshona ilanga emini, yabetha okokugqhibela intliziyo yema, ngxi! Yaba iyanduluka njalo indoda enkulu isiya kuphumla kwilizwe lokulinda, mhla yabhubha indoda yomzi umyeni kaNofezile.

Savakala isijwili esikrakra somfazana sisuka emazantsi. Sanga sinyukela ngentla isibekeko sakhe umfazana engavumi ukuthuthuzeleka. Bothuka abantwana bekhaya, basitsho nabo esofelweyo befelwe nje, bakwaziswa ngoyise obashiyileyo. Bakhala kukhutshiswaba ngezijwili bengathuthuzeleki neentliziyo sezimana zithatha zibeka ngumothuko.

Kwafikwa ngokufikwa ngabamelwane ababeze kusabela ngesizekabani sezijwili ezo. Kwaphakama inkondekazi yommelwane sele isithi, “Kulo mzi itshoba lilal’ umbethe bantu bakuthi, umnininzi akasekho emhlabeni.” Zagilana izihlobo ukuza kusabela, nokuza kuthi “Tutwini, akuhlanga lungehliyo, kunje kwiintlanga zonke.”

Zabhakwa izonka zemithandazo, zalungiswa neeketile zeti kwakunye neekomityi zempunga. Kwaphunywa kungenwa ngoomama bokuhlala nabashumayeli belizwi. Yaba ncikana loo ndlu kuloo nginginya yabantu kwanyanzeleka kubekwe intente ngaphambili nezitulo ngokunjalo ukukhawulelana nemithandazo yemihla ngemihla.

Zaxhalaba iinstana zekhaya, zakubona ukunxunguphala kukanozala wazo uNofezile. Yafika imini enkulu, yongamele. Yokubekwa kwendod’ enkulu kwikhaya layo lokugqibela. Kwikhaya lamanyange nobawomkhulu. Yaphumla ngoxolo ithe zole cwaka.

## **Intswelangqesho**

Makhe ndikuhlebele into obungayazi. Mna pha kwam unkosikazi ebese engandibonele nto, athi naxa ethetha nam andiheshe naphambi kwabantu. Asikuko nokokuba bendihleli ndisonge izandla kuba noko bezikhona itikana ezingenayo.

Nangaphandle kwalo nto mininzi imisetyenzana yekhaya ebendiyenza ngokunokwam ukukhawulelana naye kodwa yonke loo nto ebengayiboneli ntweni kuba kaloku inguye umntu ophangelayo kwela khaya.

Andisathethi ngabahlobo bam, ebengathethi ngambeko tu, naxa beze kundikhangela, kuba kaloku bendingakwazi nokuhlala nabo kwam sincokole njengamanye amadoda.

Bekuye kube mnandi ngezo mini xa ndithe ndabizwa ukuba ndiyokupeyinta umzi othile kuba bendifumana imali ethe xhaxhe noko. Hayi ke nam nditsho ndithenge neebhotile zam ezimbini zebhiya ndisele ze umamekhaya aqhotse inyama yehagu kuhlekwe sibe ‘ngootshom tshom masigonane.’

## **UNomonde**

Iimpukane zashiyeka zizenzela kuloo dinala yasebusuku esuke yashiywa phezu kwetafile ngabanikazi bayo. Ubusuku babubuhle oku komtshakazi emi phambi komfundisi elinde umyeni ongade afike. Nabahlebi sele beginye naloo malwimi abo made, amazwi ome oku komqwayito uxhonyw' ecingweni. Andisathethi ke khona ngabo bebesatshaya, imisi yabhidwa yindlela eya ezimpumlweni suka yaphuma ngeendlebe. Izigweqe zajiyeke nangakumbi, amabatha aziipali. Hhe wethu, ndithi kuwe uNomonde eseyintwanazana nje engekafikisi nokufikisa, isifuba siseplati oku kwetreyi, iinwele zakhe zisemnyama thsu, zintle njengezo zikaNwelezelanga.

## **Kusekhaya Apha**

UMongezi lizibulo likaMazibula kwakunye noQhudeni. Unyana lo, ufunde wayityekeza imfundo yobuNjineli kwenye yeeYunivesithi eziphambili eKapa, ndililibe nje igama layo. Kaloku ezi Yunivesiti ziyasibhida thina bantu ababefudula bephelele kwesa satifiketi sebanga lesibhozo. Phofu ke, nangona kunjalo ndiyazingca ngaso, kuba ndiyitishalakazi nje namhlanje kungenxa yokuphumelela ibanga lesibhozo. Nto leyo eye yakhokelela kwisakhono sokubhala amabalana.

Into yokunqongophala kwemisebenzi iye yamphatha kakubi kakhulu kuba kaloku wayehleli ethembisa unina noyise ukuba woyiphucula intlalo yekhaya akuphangela. Kungoku nje, ubesele ephozisa ingqondo ngomculo kuloo bhangalo yakhe inebhedhi nesitulo kuphela. Uvakele sel' ekhwaza ngomsindo.

“Ekse, ngubani lo ucime lo mbane?” “Ndimamele apha!” Umntu akasakwazi nokuzonwaya oku kokwabo. Umbombozele sel' esiya ngasekhithini njalo uMongezi.

“Maki, ngubani ocime lo mbane?”

“Uyabuza okanye uyathetha?” Utshilo uMaki.

“No, Maki ndenz' uba ndimamele apha, so ucima njani umbane?”

“Ungakhe ulinge uzokundibuza loo mfitshimfitshi Mongezi, siyavana?” Khona, hlobo luni olu lomculo uwudlalayo, akusaziva ukuba uyasingxolela?” Uvakele eshawutisela uMaki phambi kwaloo thivi ebeyibukele kudlala u-*Skeem Saam*.

“Utsho kanjani ngoku Maki? YiGqom le ndiyidlalayo kwaye akhonikisi ewrongo nayo.” Watsho sele enyusa loo mbane uwileyo esiya kuphuma ngomnyango esiya kugqibezela loo vasi ebeyenza.

“Ubona nje ndidikiwe sesi sigezo sikaMongezi nale ngxolo yakhe. Ucinga ukuba kuphi apha le nto ekhalisa le nto athi ngumculo ongxola ngolu hlobo. Ndihlala ndisitsho ukuba uSisi noBhuti bangoonkala yiyo le nto nabantwana aba bekekela ukungamameli oku.”

Enyanisweni, akukho nto imbi ayenzileyo uMongezi ngokuzidlalela umculo wakhe. Oyena mntu unengcwangu ikwanguMaki lo. Kaloku zithi zakumfikela iileta zamatyala aqale yena abe nguNomeva kangangokuba ungade uthi uzalwa kwaMqoluphandle ngokugqwashula oku.

## **UMaki, iJwarhakazi**

UMaki wayenguntongo wakulomama. Wayeyintokazi eyayintle ngenene, engunomdakazana omhle gqitha waseMaJwarheni. Iinwele ezi zinde kwaye zibomvu krwe ngebala, ngenxa yokuzitshintsha umbala yokulandela ifeshoni. Andisathethi ke ngamazinyo akhe, amhlophe qhwa emahle ngathi ngawemboleko. Uncumo lwakhe lwalubalekisa nkqu nabani oze exwaye impazamo. Ebesaziwa kakhulu apha ekuhlaleni njengo‘Lady’ gama elo awalithiywa nguMakhulu ngenxa yomfaneleko nokuzithanda kwakhe uMaki.

Lamhlala ke elo gama ukusuka ebuncikaneni de kwaba sekukhuleni. Wayethandeka kakhulu, andisathethi ke khona ngamasoka ayemana egaxeleka kuye. Bambi bebesithi besazimisele ukucela uthando, suka bathi bakufika phambi kwakhe bashwanshwathe into engavakaliyo, baphethe sele bezonwaya intloko becela nendlela ngokunjalo.

Ngelishwa okanye masithi ngethamsanqa, uMaki akazange watshata nangona intokazi yayizele yaphul’ uluthi. Umtshato, kukuphela kwento awayengayixabisanga. Maxawambi womva ezingomba isifuba.

“Uyabona mna, ndiyivazi yalapha ekhaya. Asinako kaloku ukusuka sitshate sonke, ngekhe tu ke khona, never ngqo ngejaji.”

Enye into uMaki ebeyithanda kunene ziiitshomi kwakunye neenyembezi zikaVitoliya ngakumbi ezi bazibiza ukuba yi1818. Kaloku umzala wakulomama usis’ Nzwaki, wayene Thaveni yomhlaba. Yayiyihokwana engacacanga kuyaphi ngokwenkangeleko ngaphandle, kodwa ubusithi xa ungena ngaphakathi ubone ukuba ungene kwayiwayo.

I-Thaveni le, ibisaziwa ngumntu wonke njengebizwa ukuba kukwaMalahleni. Amazinki la angaphakathi, ebehonjiswe ngee-records zomculo wombhaqanga. Yayinala swag yeKasi style, ithandwa nditsho nangosaziwayo basekuhlani ngenxa ye vibe eyayilapho. Ndibala ntonina, ngumculo otshoyo, ezibandayo ezingapheliyo, ubutshomi, ukuxabana okuthize ngamanye amaxesha ngakumbi xa uVitolia lo sele ephuzwe wada wagqithiswa ngabo bangamqhelanga nabo bamqhelileyo ke phofu.

Eyona nto yayisimanga yeyokuba iThaveni le yayiligumbi elinye, into etheth’ ukuba, ibhedi yokulala ibikwalapha, ikhitshana elincinci nalo ngokunjalo, ze esiphakathini ibe yitafile kwakunye nesofa ende kunye nezitulo ezingqonge iitafile ezintandathu. Yonke loo ndlela ibingahluphi bani nkqu mna lo. Kaloku mna noMaki besingumtya nethunga. Inye qha into ebesohlake ngayo thina sobabini yeyokuba mna bendihamba inkonzo rhoqo ngecawe, ukanti yena eyakhe inkonzo ibiyi-*Corner Lounge*.

## **Iimini Ezimnandi**

ULunga ngunyana kaMfundisi uAlbert Ntsika onguMqwathi ngesiduko. Unina kaLunga uNowethu yintombi yakwaSangweni, uMandlangisa ngesiduko. ULunga lo uzalelwe wakhulela kwilokishi yaseZibeleni kuKomani apho athe wafunda khona onke amabanga akhe aphantsi naphezulu esikolo. UNomasonto yena uzalelwe eNgqushwa kodwa ngenxa yokokuba abazali bakhe babephangela eRhawutini kwanyanzeleka ukuba yena nomntakwabo bayokuhlala noninakhulu kwidolophu yaseKapa. Ngoko ke, bonke ubomi bakhe ubuchithe ehlala ekwafunda kwilokishi ebizwa ngokokuba kuse Makhaya. Uthe akupasa imatriki yakhe, wanethamsanqa lokufumana ibhasari yokufundela ubugqirha eRhawutini.

Kwathi ngelinye ilanga uNomasono wamenywa ngummelwane wakhe uNozipho, ukuba amkhaphe baye emgyweni eMandalay kude kufuphi nelokishi yaseMakhaya. Bathe xa bese sangweni bangena sele behlabela ingoma bekwaphethe nekasi yonke yebranti ebomvu njengesipho sokugida. Bamkelwa ngezandla ezishushu eMaqwathini, sele kuvuyelwa nale kasi ingenayo ngabo bebezokuzimasa nto leyo etheth' ukuba kuseza kuba mnandi ekhay' apha. Hayi ke esi sibini saba sezimbekweni kuncokolwa kuculwa kwananjalo kuyilo nto.

Bambi befuna nokwazi banzi ngetshomi leyo ikhaphe uNozipho. Kaloku intombi le yayintle ifuz' unina uMandlangisa. Kuthe kusenjalo suka kwee-gqi nkwenkwana ithile yabhekisa kuNomasono isithi "Uxolo sisi, utamnci uZithulele uthi mandinibizele phaya ngakula Quantum imhlophe imi phaya." Uphendule uNomasono sel' esithi, "Kulungile boy boy mxelele ukuba siyeza makalinde nje okomzuzwana."

Yabaleka ke inkwenkwana yenza njengoko ibithunyiwe. Bathe kanye xa besondela kwimoto leyo, suka uNomasono wahlangana nesihlobo sakhe esisenyongweni uLunga awayekhula naso elalini. Bathathana besongana bevuyela ukubonana emva kweminyaka sele bagqibela ukubonana. Yaba njalo nentswahla yabo yanga bahlabela ingoma ngangendlela ebabehlekela phezulu ngayo.

Babuzana impilo bethetha nangezinto ngezinto ebabegqibelene kudala ukudlana indlebe ngazo. Sele bekhumbula nezo mini zemidaniso yaselalini kwakunye nabafana neentokazi ababencuma kunye nabo ngezo mini. Andisathethi ngemibholoro kwaneminye imidlalo ababeye bazimele emakhaya besiya kuzonwabisa nezihlobo zabo.

Kuthe kanti uLunga ngunyana apha kulomzi njengoko bekukwaMqwathi. Wayezixelele uLunga okokuba lithuba lakhe eli lokokuba aqinisekise okokuba akasayi kuphinda aphulukane naye uNomasono. Phofu ke, sele ade athethe ezingomb'isifuba ngo Nomasono,

kwakungazange kwakho nto iqhubekayo Phakathi kwabo ngaphandle nje kwentlantsi eyayingathi ingajika ibe luthando.

Ngaphandle koko uNomasonto wayesaze ngobuso mhlana befudukela ukuya kwanina lume, kwaye uLunga wayemdadlana noko ngeminyakana. Kwakungasekho nto imi phambi kwabo ngoku, bathathana bephuzana ngathi kudala beyiqhuba le zozo. Banikana inambha zeselula zabo khon'unukuze bakwazi ukufowunelana bacwangcise elinye ixesha loku bonana.

UNozipho uvakele esithi “Mhlobam, kunyanisiwe xa kusithiwa, inyawo ziyabhatala impundu azibhatali.” Esitsho ehleka ejonge itshomi yakhe. Kuphendule uLunga engekaphenduli uNomasonto esithi, “Nomdade, kwaku madoda tshotshubekho, uyabona loo ngumfazi wakuthi akakho omnye.” Utsho ejonge kuNomasonto owayetsho ngoncumo ngathi ukhwele ibhasi ebheka ebhaziya. Ngalo lonke elixesha utamnci uthule ngokungathi selelibele nale ebebizela yona oNozipho nomhlobo wakhe. Phofu ebengena kungathuli xa uLunga no Nomasonto basuke bangathi zii lekese ze *lucky* pakethi.

## Uta-Small

Ndithe ndisehlika kwitekisi esuka eMagxaki, indimisela ngaserhangeni ebheka endlwini, suka ndabizwa nguNonkqubela esithi “Heyi mntase ndilinde, sukubasawela wethu mfazi. Ndindinwe! Kukuncedisa uSkwiza wam ukugutyula la ndlu yakhe isisibhazalala axakwa nakukuyicoca. Ndidinwe nje ihala ke kuba akasoze andinike nditsho neR2 kuloo mali yakhe yebhongo, Ndlela le aligqolo ngayo sheyim umfazi kaBhuti, akasoze akunike esandleni imali kodwa xa umkhaphile eyokwenza igrosali hayi sana ungayibetha trolley yakho ibe yintaba, akasoze akhalaze. Nam ke ndifane ndimnyamezele kuba kaloku nam ndiyawadinga la maqithiqithi awaphosayo. Nangona ungasoze uyibambe sandleni imali yakhe, ndiyamthanda ke khona kuba akafihli makhuba kulinywa, hay’ akoyiki kwaye soze umve ethetha ngnto yokukha ukutya ukuse emlonyeni, kuye icephe licephe qha ke!

Uze sel’ ehambela phezulu uNonkqubela, nam sendifane ndema ndicinga ukuba mhlawumbi kukho into afuna ukuyibuza malunga nokuphuma kukaSkwiza emgalelweni ngoMgqibelo. Ufike wema sel’ ekhefuzela oku komntu ogqiba kubaleka umdyarho. Hayi ke nam ndafana ndema ndilindele oku kokuba aphefumle. Ngalo lonke eli xesha bendicinga ukuba kukho nto ebhadlileyo aza kundixelela yona. Tyhini thiza lo mfazi, ukuba andixelele ngolwimi lokugxothwa kukaTa-Mzi yilaa ntokazi yakhe uLiso ahlalisana nayo. Uta-Mzi nguTat’ omncinci wethu, sonke simbiza Small kuba enciphile ngomzimba nto leyo ayithanda gqitha kuba imenza azive elithsotsho, kangangokuba xa umjongile ungathi unama-40 eminyaka kanti unama-60 eminyaka. Nalapha ekuhlaleni wonke ubani umbiza Ta-Small. Wofika ke umfo kaBawo esitsho ngolukaBhulankethe uncumo, kwanezo zangotshe zakhe zokuhamba ezamenza waphumelela uMr Eastern Cape ngomnyaka ngowama-2000. Nto leyo eyamenza athi naxa bejemile abahlobo bakhe, umve sel’ esithi “Ek se my laatjie, daar is net een Small.” atsho ezikhomba ngesandla esifubeni. “Ek is altyd mnca my laatjie, die cherries ook se ek is van die one, make no mistake my man.”

Hayi sana wayehlala njalo engungqa phambili, ubungafunga uthi ufumene ithuba lokudlala umlinganiswa uJames Bond, u007 ngenkqu. Uta-Small ebewuthanda kwaye ewuhloniphe kakhulu umsebenzi wakhe wokuba yinqununu eJoza High School. Kaloku nale yokuba yinqununu yayimenzela elinye nje elilodwa iwonga, nto leyo ayithanda kunene. Uta-Small wayetshate nentombi yaseMatshaweni uManci uMavis, owathi ke bakutshata eso sibhazalala somtshato wathiywa igama lomzi lokokuba nguNobuntu. Eneneni ulifanele igama lakhe kuba uManci unobuntu kumntu wonke ngakumbi kuthi bantu bomzi wakhe. uNobuntu ngumphathi kwisibhedlele saseDorah, msebenzi lowo awawuqeqeshelwa kwizibhedlela zaseNewcastle.

Balizwe ngabantwana ababini uThemba kwakunye noThembakazi. Xa ubona umfananyana ohamba ngamacala kodwa emenyezelisa izihlangu kwezi zitalato zasemagxaki, uze wazi ukuba nguTa-Small lowo. Ungambulisa ken awe, uthi eita daar Ta-Small.

# III

## **Umakhulu uMaMkwena**

Ndikhumbula ngaloo mhla ndifikelwa yifowuni esuka kumama esithi mandikhawuleze ndize ekhaya. Kwakukusasa kwizithuba zentsimbi yesibhozo. Ndikhumbula umnqwazi wam ungaqini cam, ndikrokra ukuba ukho undonakele kwaye mkhulu. Kaloku umama wayeyazi indlela esa sithandana ngayo mna nawe makhulu wam. Kwaye naye wonke ubani apha kusapho ebengayithandabuzi lo nto. Zonke iimfundiso zokukhula mna kunye nodade nabanakwethu sazifundiswa nguwe. Mna nawe besizitshomi. Umthandazo u‘Bawo Wethu Osemazulwini’ sawufundiswa nguwe.

Ubusithi nje sakuqgiba ukutya, sele nezitya zihlanjiwe, usibizele sonke thina bantwana kwigumbi lokulala siyokuthandaza. Besiye sandule ukungena ezingubeni silindele ngamxhel’ omnye ukuva iinstomi phambi kokuba silale. Wawuye usibalisele ngo ‘Nwelezelanga’ okanye ‘Ngamabhere amathathu afika ukutya kwabo kutyiwe’ okanye, ‘Ngendoda eyayisingise edolophini kodwa ingade ifike oko ihamba’. Besiye silale yoyi sele sithe rhonantini kumama nakutata ababelala kwelabo igumbi. Ndizikhumbula kakuhle ezo mini makhulu wam. Indlu yethu yayincinci kakhulu ibizwa ukuba ligobhoza lematshisi. Amagumbi ethu okulala ayemabini kuphela, elabazali nelethu, mna odede bam ababini kunye nawe makhulu. Umntakwethu omncinci wayeselusana elala ekhothini kwikamire kamama notata, ukanti umntakwethu oza emva kwam yena elala ekhawutshini kwigumbi lokuhlala.

Usakhumbula ngeza mini wawudla ngokundithuma ukuba ndiyokuthengela iyeza lakho kumzana owawukufuphi nathi? Eli yayilihlebo lethu sobabini, kuba wawungafuni ukuba kubekho mntu waziyo ngeli yeza ngakumbi utata. Lo mzana wawusebumelwaneni nto leyo etheth’ ukuba ihlebo elo belinokubhaqeka nanini na. Kodwa ke ngenxa yokuba olu shishino yayiyeyona ndlela yokunyanga izigulana zabo, ikwa yindlela yokwenza ingeniso nokuphuhlisa ishishini labo, akuzange kubekho namnye umntu owayithi vuthu loo nyewe kutata nomama. Ndadidla ngokuya phaya ngentsimbi yesithandathu phambi kwesidlo sangokuhlwa. Andisakhumbuli ukuba wena ubulisebenzisa nini na eli yeza, kodwa into endiqiniseke ngayo lalikhwimbodlelana emfutshane.

Kwathi kusenjalo, kwakhona izixholoxholo zodushe apha ekuhlaleni apho kwaphuma umyalelo othi zonke izirhoxo kwakunye namaholo neebhara ezithengisa amanzi amhlophe nabomvu mazivalwe. Unobangela yayikukuba ezi nyembezi zekumkanikazi zazisetyenziswa ngabacinezeli ukuchithachitha ubume nentlalo yesidima soluntu. Zavala ngenene ezo zirhoxo, kwathi ezo zifunyenwe zisamthengisa kwakunye nalowo ufunyenwe enaye ohlwaywe kanobom. Nawe wagqiba kwelokuba endaweni yokusebenzisa imbodlela encikane, kungcono

ndiyokukuthengela eli yeza ngejagi yamasi. Kulapho ke yaqala khona inkathazo. Tyhini, ndaqaphela eli vumba linuka kamnandana lisuka kule jagi endleleni esingise endlwini. Ndazibhaqa sele ndiman' ukuginy' ingwiqi maxawambi.

Ndanqonda ukuba nam makhe ndathi laqa kweli yeza lakho makhulu, oku kokuba ndive nje incasa. Ah, ndiwavale mba amehlo kuhlasimla nomzimba ngenxa yale ncasa, kodwa iimvakalelo ezalandela oko kuhlasimla, zenza ukuba ndibe nomnqweno wokuphinda ndathi laqa nakwityeli elizayo.

Njengesiqhelo ndiphindile ndayo kuthenga, laqa! Ndaphinda ndatsho ngelinye ithamo elithe xaxe. Laqa... laqa...rhabu! Ahhh!

“Hayibo, kutheni ngoku besiya belicutha ngokulicutha eli yeza?” Ndikhumbula kakuhle, undibuza ngamehlo akrokrayo.

Iyo! Ndaqonda mhlophe ukuba ndibhaqiwe ngaloo mini. Ndafana ndazenza ovumelana nawe ndisithi, ndiluva ulwimi olu luman' ukuba ngathi luyashwabana xa ndizama ukuthetha “Makhulu andimqondi la mhlekazi, ingathi *umejarisha wrongo* kuba egalela ejagini.” Kumhla wayeka ukundithuma kuloo mzi. Andisakhumbuli ke ukuba kwenzeka ntoni ngalo mini, inye nje into endiyikhumbulayo, ziimpahla endandizinxibile ngosuku olulandelayo, zazingekho mgqubagqubane kuphela, zaziratarata zikrazukile. Ndandiyotywe makhulu?

Bekusithi xa kuphel' inyanga uphe bonke abazukulwana bakho iirandi ezintlanu zemali, okokuba bathenge loo nto bayifunayo. Yayiba ndim kuphela umzukulwana omnika amashumi amabini eerandi. Baakhalaza bancama odade nomntakwethu kuba wawudla ngokuthi kubo mna ndimdala kunabo yiyo lo nto ubundinika imali ethe chatha kuneyabo. Sonke sasisele sisazi ukuba ngemini yepeyi, yimini apho besisitya *ifish and chips* yaseFlakeni kuba yayiyeyona imnandi.

Ndikhumbula xa sasisiya esikolweni, utamkhulu umalume katata wayedla ngokusisa ngemoto aphinde asilande. Kodwa ngenye imini wamcela okokuba ukususela ngaloo mini wena uzokumana ukusilanda kuba kwakungekudanga kakhulu nasekhaya. Sikhulile singabantwana kwaye usithanda sonke kodwa uthando lwakho kum lwalugqithisile. Ukuthetha ulwimi lweSibhulu ndakufundiswa nguwe nomama. Kuqala ndandinganiva phofu sonke singabantwana singaqondi okokuba nithini, ngoko ke sisithi “Umama no makhulu bayathanda ukuthetha *uvrityi vrityi*.” Sasilubiza njalo olo lwimi kuba singalwazi. Kodwa ndithe ndakuqala ibanga lesithathu apho yonke into esikolweni ibifundiswa ngo “*Vrityi Vrityi*” ndaqala

ndamqonda kakhuhle okokuba ngubani unobangela wokokuba nimazi kwaye nimthethe. Maxa wambi apha ekumthetheni nanidla ngokuthetha izinto ebeningafuni okokuba sizive, ngamany'amazwi benithetha ekhusini. Kwelinye icala kungenxa yokokuba benikhe naphangela ezifama naba nilufunda apho olo lwimi.

Ndingatsho ndithi yandanceda into yokokuba umama akwazi ukuthetha *uvrityi vurityi* kuba okokuba wayengakwazi ngendafumana isitampu esibomvu sikaphumaphele kwidolophu yase Kapa apho ndazalelwa khona. Kaloku mna nomama sasiye kwiOfisi yakwa Ndabazabantu apho bekusenziwa isazisi. Umhlekezazi webhulu ekwathiwa masiye kuye asincede, wandibuza okokuba bendihlelele ntoni de ndigqithe iminyaka elishumi elinesithandathu ndingenayo iDompasi.

Ngelishwa lam nelakhe, ndandisenoPoqo omninzi entlokweni yam ngenxa yezixholoxholo ezazisenzeka ngalo maxesha, ndamphendula ndisithi "As you say, it is a dompas, why must I carry a dom (stupid pas)? Iyoo makhulu kwathi kanti ndinyathele inyoka emsileni, waphakama esithi uyakwisidlo *selunch* ukubuya kwakhe uzakundinika uphumaphele ndiye eTranskei. Ndamphendula ngetshiki ndisithi mna ndizalelwe eKapa hayi eTranskei. Ngelo xesha umama yena waye *vurityivurityiza* ecenga lo meneer ukuba angandigxothi. U-*meneer* lowo akazange alistho nelimdaka waphuma ngomsindo ebomvu esishiya kuloo *ofisi* mna nomama.

Yada yadlula nenstimbi yesibini sihleli apho kuba kaloku yayingekho indlela yokokuba ndinga bhala imviwo zebanga leshumi ndingenaso isaziso. Ngelingeni wabuya sel' etyikitya loo maphepha, kodwa azange avume ukuba afake igama lam lesiXhosa kwisazisi elo. Ndayibona ngaloo mini indima yokukwazi ukuthetha *uvrityi vurityi*.

# IV

# **IPOTIFOLIYO**

Lo msebenzi ungeniswa ngenjongo yokuhlangabezana

neemfuno zesidanga

**seMaster of Arts**

kubuGcisa bokuBhala

Ngu-

**Thobeka Veronica Ndlebe-September**

eYunivesithi iRhodes

## **Iijenali ZobuGcisa BokuBhala**

Ufundo lwemibongo ngoLwesithathu odlulileyo, luye lwaqwalasela uncwadi lwababhali apho ndingaphawula uS.E.K. Mqhayi, R.M. Tshaka, G. Soya Mama, St J.P. Yako, L.T. Manyase kwakunye noNompumelelo Buzani. Yonke le mibhalo ibinika umdla kakhulu. Kubekho nombongo oye wandidlwengul' umxhelo, lo wombhali uJ.J.R Jolobe. Apha kulo mbongo umbhali uthetha ngamazinyo, ewabonga ukubaluleka kwawo.

Ndithanda indlela andinika umfanekiso ngqondweni ngokuthi andizobele ngamazinyo nangokubaluleka kwawo. Lo mbongo mfutshane, nangona kunjalo uyagalela oku kwemvula isina ngamandla. Ndiphawule indlela umbhali athe wathetha ngomzimba nathe waba kanti uza kubeka umnwe kumazinyo. Apha umbhali undifundisa, ekwandibonisa isakhono sokutyebisa indlela yokubhala ngomzimba nokugxininisa kwibakala elithile kumzimba lowo. Apha undicingise indlela endithe komnye wemibhalo yesingesi ndathetha ngomthi kanti eyona nto ebendigqale kuyo ngumzimba kwakunye nokubaluleka kwamalungu athile apha emzimbeni.

Umzekelo xa esithi, “Ziimpondwana zendlovu”, apha ubonisa ukubaluleka kwawo amazinyo ngokuthi awafanise neempondo zendlovu. Siya kukhumbhula kaloku ukuba iimpondo zendlovu bubuhle bazo, ngelishwa ezi mpondo zizingelwa ngabophulimthetho abanyolukele iipokotho zemali zazo bengazinzanga iindlovu ngokuthi batyeshela amalungelo azo. Lo mxholo ndigqiba ukuwukhankanya ubonisa iindlela ngeendlela endinokuthi ndinabe ngazo ngokubhala ngeempondo zendlovu phantsi kwesihloko samazinyo. Ndihambe naye umbhali xa esithi yimela yeezirhovu. Kaloku amazinyo akwayindlela yokuzikhusela, nto leyo esiyibona nkqu nakwizilwanyana zazizama ukuzikhusela kuluntu nakwezinye izilwanyana. Umzekelo, izinja ziyaluma ukanti iikati ziyakrwempa njalonzalo.

Ndiyayithanda imfundiso yakhe umbhali, apha kum njengombhali wale mihla, ngakumbi xa endizobela indlela amazinyo ebeye ahlanjwe ngayo mandulo. Umzekelo uthi, “Kusulwa siwakhuhle, Sandule siwakhuhle”. Kule mihla sihlamba ngesicoci i-*Colgate* ukanti kudala kwakusetyenziswa umsizi. Esi sakhono sokuthetha ngezinto zamandulo ndisifumanisa sibalulekile ekufundiseni ngakumbi ulutsha ngentlalo nange Mpilo yabantu nto leyo endiqonda okokuba ibalulekile ngakumbi kwisizwe sakwantu ukuze siyazi imvelaphi yethu siluluntu oluntsundu. Lo mbongo uye wandikhokelela ekubeni ndicinge nzulu ngesi sihloko samazinyo.

Speiks tshomi andidlali xa ndisithi “Ukuba ndandazile” ngendingazanga ndawakhupha amazinyo amu.

## **Ababhali BesiXhosa: UNontsizi Mgqwetho Namanye Amanina**

Kwisifundo sesiXhosa esingembali ngababhali basetyhini nesiye sagxininisa kumama uNontsizi Mgqwetho, ndiye ndafunda lukhulu. Ndithe xa ndiphanda nzulu ngomama uNontsizi Mgqwetho nangemibongo yakhe ndafumanisa ukuba, umbongo wakhe wokuqala washicilelwa ngumzi ‘Umteteleli wa Bantu ngowama-23 Okthobha1920 phantsi kwesihloko esithi “Imbongi uChizama.” Ndingatsho ukuba umama ube ngumhlahlindlela ehlahlela abanye ababhali basetyhini balo maxesa kwakunye nabale mihla.

Umbongo kamama uNontsizi othi ‘*Ukuba Umntu Akakwazi! Ukuyongamela Eyake-Indlu! Angatinina Ukupata Isizwe Sika Tixo?*’ Ndiphawula ukuba ngezantsi kwalo mbhalo kukho isihloko esithi (*Eyokuqala ka Timoti 3:5*). Ndiqaphele indlela athe umama uNontsizi wawasebenzisa ngayo amagama esingesi kwimihobe yakhe, amagama afana no ‘*usityudeni, basop nobranti*’. Umbuzo wam ngulowo uthi xa la magama ayesetyenziswa mandulo kungani ke ngoko umntu owasebenzisayo kwilixa langoku suke kube ngathi unetyala lehagu okanye wenze esona sakhe sasikhulu isono?

Andithi mayibe nguvula zibhuqe, kugityiselwe nje amagama esingesi kulwimi lwesiXhosa koko ndithi kubhalo lobugcisa kubalulekile ukuzama ukugcina kanye le ndlela abalinganiswa bebali okanye umxholo lowo bathetha ngayo. Ukuba loo mlinganiswa kulo ploti akuyo usebenzisa *usityudeni*, kungani ke ukuba kungaveli oko kwindlela ekubhalwa ngayo suka kutshintshwe kusetyenziswe ‘umfundi?’ Oko kubangela ukunganyaniseki kumbhali ngokuthi atshintshe indlela abathetha ngayo abalinganiswa. Oku andikuboni kubulala ulwimi, endaweno yoko kuyalutyebisa kuba ngoku endaweni yegama elinye kuphela elithi umfundi, ubani unokukhetha *usityudeni*.

Imishinari zaba nefuthe elikhulu kwindima yokufundiswa kubhalo lwesiXhosa.

Ndiyalingqina elo kuba naku sifunda sibhala ngazo zonke iilwimi esinamandla okuzithetha, ukuzifunda nokuzibhala. Noko kunjalo, kumeleze siqaphele ukuba zazikho nezinye iindlela ezazisetyenziswa zokubhala mandulo njengokuzoba ngakumbi kwisizwe samaSesiqhakancu.

Ndibe nomdla kakhulu yintetho kaNkosazana Siyasanga Mwanda xa ebethetha kumsitho wababhali eqononondisa ukuba ulwazi belusakudluliswa ziinkonde neenkondekazi ngeentsomi amabali kunye neengoma. Ndiyamngqinela kuba uMakhulu wam wayevamise ukusibalisela amabali ekhaya sisakhula, rhoqo ngokuhlwa xa siza kulala.

Ndandikhwanqiswa kukuba uMakhulu wayengafundanga kodwa wayewazi onke amaculo ecawa ngentloko. Eyona ntsomi endandiyithanda yayingoJohn, owavuka esiya edolophini.

Wahamba wahamba uJohn, wahlangana nomthi omde wahamba wahamba uJohn, Wawel' umlambo, wahamba wahamba uJohn. Ndandiye ndibuze, Makhulu ufika nini uJohn edolophini? Suka umakhulu athi 'wahamba wahamba uJohn.' Bendiye ndibiwe bubuthongo esahamba uJohn.

Ngoko ke imihobe kamama uNontsizi kunye nomama uMinazana Dana, Lulu Nqubane, Vatiswa Nondumiso Hlwatika igxinisiswe kwindima yendlela ebebeye abantu abantsundu kudala kwelaseMzantsi Afrika bathi bagcine ulwazi lwabo, izithethe, inkcubeko namasiko ngakumbi ulwimi lwabo, luphila ngembali neentsomi.

Liyinyani elokuba kumaxa amaninzi, nasesikolweni bendisoloko ndifunda ngababhali abangootata abafana nooJ.J.R. Jolobe, S.E.K Mqhayi, Es'kia Mphahlele, W.K Tamsanqa, nabaninzi endingabakhankanyanga. Kubabhali basetyhini endithe ndafunda ngabo bambi ndada ndaya nakumaqonga abo, ndingabalula umama uSindiwe Magona, Gcina Mhlophe, Nadine Gordimer, Kholeka Sigenu, Nomonde Mgumane-Qotela, nabanye. Ndifunde lukhulu kwesi sifundo ngababhali jikelele bezwe lethu kwaye nam ndakhuthazeka njengombhali osakhasayo nosanqwenela ukufunda kangangoko kubabhali abasele bengaphambili ngakumbi aba basetyhini.

## **Ukubhala Usebenzisa Ulwimi Ngokungathi Uyathetha... (Ngokungathi Uthetha intetho engenantsingiselo uzama ukukhangela eyona ntsingiselo)**

Isihloko ‘*Writing as a way of talking simply.... (and incoherently) to find clarity*’; ebesifundiswa nguNyezwa sindenze ndakwazi ukukheth’ iphel’ emasini. Njengombhali, ndifumanise into yokokuba apha ekubhaleni amabali nemibongo, kwakunye neminye imibhalo yezobugcisa, akukho miqathango elawula umbhali ukuba alibhale njani ibali lakhe. Ngamanye amazwi, umbhali uselungelweni lokubhala loo nto ayivayo kuye nalo nto imqhubela okokuba abhale ngayo.

Ndifunde ukuba akukho ndlela iyiyo nengeyiyo ekubhaleni, koko kuya ngokomoya wombhali. Igqirha ngalinye linendlela yalo elixhentsa ngayo entlombeni liqhutywa ngokulawulwa ngumoya nokukhawulelana kwalo nesandi kunye nesingqi sengoma. Kwanjaqo, umfundisi uyayimisa inkonzo xa ikwayala ivuma ngokuzekelisa ityhafisa umoya oyingwele wentshumayelo yakhe. Bobabini aba bantu umfundisi negqirha sube beqhutywa bubugeza bemimoya, okanye impambano ephilisayo.

Nalapha ekubhaleni umhlohli uthi “*the more fragmented, mad, insane the more you become better in writing.*” Umzekelo, ababhali abafana noLesego Rampolokeng, Vonani Bila kunye noDambudzo Marechero abayibhityisi intetho yabo xa bethetha ngezopolitiko. Kwincwadana ‘*The House of Hunger*’ uDambudzo uthetha elubala ngezopolitiko esithi, “*Even the praises of ‘Blackness’ had a sour note in them. One felt live coals hissing in a sea of paranoia. Gloomy nights stitched by needles of existentialism. Black despair lit up by suicidal vision*”.

Apha sibona umbhali oziva engenakuthula ngesimo selizwekazi lakhe eliphantsi kwemeko yentlupheko nendlala. Usizobela umfanekiso ngqondweni ngokutyeshela amagama aqhelekileyo nangokuthi agxininisa intetho yakhe ngamanye amagama imetaphors ngelasemzini. Ndifunde okokuba xa ndibhala, akunyanzelekanga okokuba into endiyibhalayo mayibe nesihlahla okanye mayingqale ngqo kwinto endithetha ngayo. Akudingeki okokuba mayibe nesiqalo, nesinqe kwakunye nesiphelo. Umzekelo, xa ndibhala ngentsomi bendiye ndiqale ngokuthi ‘kwathi kaloku ngantsomi’ ndandule ke ukubalisa. Umnumzana uNyezwa usifundise okokuba iyawunciphisa, ikwawubityisa umbhalo lo nto nangona yayisebenza mandulo kufuneka sizame iindlela ezikhawulela ubhalo lwamandulo nolo lwakalokunje.

Ndisithande kakhulu isifundo ebesinge ‘*influence*’ ngakumbi imizekelo echongiweyo ye-R&B yooStevie Wonder kunye noSmoky Robinson. Ngamanye amaxa asizoyamisi okanye sizibekela kude nemibhalo yethu ngesingesi ‘*we distance ourselves*’ from our writing. Le

ntetha akayikhuthazi umfo kaNyezwa nam ndiyamgqinela, masibe kufutshane kwesikubhalayo ukuze sibe nako ukunyaniseka kangangoko.

### **Imibongo Ngezothando**

Enye yezinto endizifumene ziluncedo kukuba umbhali uhlohlwa ngoncwadi. Kugxininiswa kakhulu ukuba xa ungumbhali kwazi okubhaliweyo nokuba yimibongo okanye iprozi. Ndifumana ifuthe kwimibongo nakwiprozi. Imibongo endiyifundayo inganalo ifuthe kwiprozi endiyibhalayo ukanti neprozi ngokunjalo. Umzekelo ibalana elithi ‘Entle Kangaka’ beliefuthelwe yile mibongo mibini ilandelayo. Noko kunjalo, le mibongo ingezantsi ndiyifundileyo ayivelisanga amabali kuphela koko iphemebelele ekubeni nam ndivelise kwa imibongo.

Ndithe ndakuba ndiqwalasele umbongo wombhali uMqhayi othi ‘*Umfo endimthandayo*’ kunye nombongo wombhali uG. Soya Mama, ndazifumana ndinefuthe lokubhala eyam imibongo ngezothando. Ndikwathande nendlela aba babhali bathe bandizobela ngayo umfanekiso ngqondweni okhokelele okokuba ndicinge nzulu xa ndibhala ndikwazoba le mibongo mithathu.

Ngoko ke, ndithe xa ndibhala umbongo othi ‘*Umfo Endimthandayo*’ ndazizobela imifanekiso ngqonweni yemibuzo ngokwenjenje:

- Ziintoni iimpawu ezindakhayo mna kulo mfo ndimthandayo?
- Mfundiso zini endinokuzikhankanya apha kuye?
- Ngaba ukholo lwakhe kuSomandla, lunayo indima kuthando lwam ngakuye?
- Ngaba uyazazi izithethe namasiko akubo?
- Ngaba uluxabisile uluntu okanye uzixabise yena siqu?
- Ngaba unayo na imbeko nentlonipho kubazali, unkosikazi, nosapho lwakhe?
- Ngaba inkangeleko yakhe iyandivuyisa, ngamanye amazwi undilisekile na?

Ndiyazi ukuba kwaXhosa ubuhle bendoda ziinkomo zayo. Noko kunjalo, iinkomo zizodwa azanelanga. Umfo endimthandayo engenazo ezi mpawu kuquka nezo ndizibhale kumbongo wam, ndingaba nditheth’ ulwimi etywaleni xa ndisithi ndiyamthanda.

Ndiye ke, ndanomfanekiso ngqondweni nefuthe elindibangele ukuba iingcinga zam zigxininise kwinto ezimbini:

- Siyintoni isizathu sokokuba ndingamthandi lo mfo?

- Xa ndimzoba ngokomfanekiso ngqondweni, ziziphi izinto umfundi anokuziqwalasela ngalo mfo?

Ndiye ke ngoko ndabhala ngomfo endingamthandiyo, ndiquka uluvo lwam ngaye, ngokuthi ndigxininise kwimeko zasekuhlaleni ngokubanzi. Ndiye ndazoba umfanekiso ngqondweni ngokuxhatyazwa nokuhlukubezwa kwa-basetyhini nakunye nabantwana ngabantu besilisa. Amaxa amaninzi obubuxelegu, nalentlonti, benziwa ngumntu osisihlobo kumaxhobo lawo. Ububi bakhe umfo endingamthandiyo bufihlakele. Yilento athi umbhali u G. Soya Mama (;24) xa ethetha ngaye;

*Umntu Endingamthandiyo*

*Andimthand'umntu onje,*

*Umntu othetha ngezabanye,*

*Ongazang'athethe ngezakhe.*

Xa ndiukumbela, ndingangqina ndithi ndifunde iindindi neentlobo zokubhalwa kwemibongo yesiXhosa. Ethe, yakhokelela okokuba ndinike ingqwalasela yobunzulu bothando, nakubabhali bayo imibongo yesintu. UMqhayi undinike ifuthe lokokuba ndiqinisekise kwaye ndigxininise ngomfo endimthandayo xa ndibhala umbongo. Umzekelo, umbhalo wakhe unesingqi nesandi sengoma esingathandabuzekiyo. Kulo mbhalo, uMqhayi undizobele umfanekiso ngqondweni yomntu oxhentsayo, obongayo, nakwanjalo ekwa phethwe yinkenqe yezothando kulowo amthandayo.

Ufundo lwemibongo ngezothando, lube nefuthe kakhulu ekuqondisiseni indlela endinokuthi ndibhale ngayo xa ndibhala ngezothando. Ngoko, ndithe ndakuba ndibhala eyam imibongo ndacinganzulu ngesakhono sokubhala ngezothando. Ndingatsho ndithi ndiphawule ukuba kuyo yonke le mibongo kukho iimfundiso ngeentlobo ntlobo zothando ezifumaneka jikelele kuluntu ngokubanzi.

Maxawambi ezi mfundiso ziyakha maxawambi ziya chitha. Kwanajalo ziquka lonke udidi lwababantu, umzekelo amadoda, amakhosikazi kwakunye nabantwana abangamantombazana nabangamakhwenkwe.

Okulandelayo, *Iinkunzi Ezimbini*, gokubhalwe nguHlumela Motlhabane indibonise uhlobo lokubhalwa okuthiwa lubhalo ngezabasetyhini. Apha ndiphawule okokuqala amagama abizwa ngawo la makhosikai mabini, uNolasti kwakunye noNolimithi. La magama, ngeemini zakudala

ayethatyathwa njengamagama afanekileyo koomolokazana kwaye abantu bawo bezingca ngawo. Kumaxesha esiphila kuwo namhlanje, la magama abukwa njengesinyeliso kumakhosikazi ngenxa yentsingiselo yawo esengela phantsi amakhosikazi.

Ukuzama ukubaleka ezi zenyeliso, ndibone kungcono ukulandela ekhondweni likaRustum Siyongwana kwincwadi yakhe ethu *Ubulumko Bezinja* apho asebenzisa abalinganiswa abazizilwanyana lo gama exusha imiba eyenzeka eluntwini. Ndibe nabo ke abalinganiswa abafana nooMalaleveva, Ntakumba njalo-njalo.

SisekuHlumela Motlhabane njalo, apha umbhali ubethelela iintente zakhe kanye apho ndinomdla wokujonga intsingiselo yamagama oomakoti amandulo kwakunye namagama oomakoti bala maxesha. Ndifunde ukuba nam kwakunye nabanye ababhali bale mihla, kufuneka sibaze iindlebe xa sibhala sikwathiya abalinganiswa koko sikubhalayo.

La magama akwaquka nokuphathwa gadala kwabafazi, ekuqa ukutshutshiseka nokutshutshisana kwabafazi abakwisithembu. Ndiyawuthanda lo mbhalo kuba uphicotha iimeko ezahlukeneyo ekuhlaleni kumadoda nakumabhinqa. Lo mbhalo ukwabonisa indlela abanye abantu abasezikhundleni aboyika ngayo ukubabazwa kwezinto abazenza ekukhusini, kuquka nokuphatha gadalala kwabantwana namakhosikazi emizini yabo njengoSibonda lo. Umbhali ukwabonisa indlela endinokuthi ndibhale ngokuzimela kwanokulwela amalungelo abo badidekileyo yimpathombi ebahlelayo ngakumbi kumakhosikazi axhomekeke kubayeni babo kanaanjalo nabo bangaxhomekekanga kubo.

Apha sizotyelwa indlela yokuswela ingqesho enefuthe ngayo kwiSizwe ngokubanzi, okubangela amakhosikazi abelixhoba lokuhlukunyezwa kuba exhomekekile. Kule yanamhlanje impilo ndithanda amadoda athe amanyana phantsi kophahla oluthi ‘Nothi egameni lethu’ ukuxhatyazwa kwamabhinqa nabantwana. Umbongo othi “Thyini uyathandwa!” utsho ngqo ngaphakathi entliziyweni.

Kaloku wonke ubani uyafuna ukuthandwa ekwafuna nokuxelelwa okokuba “Thyini Uyathandwa”. Kum lo mbongo uqulathe indlela ngeendlela oluboniswa ngalo uthando. Umzekelo, oluthando lungaba kanti lujolise kutywala oluhlonitshwa njenge nyembezi zika Vitoliya, lunako kanaanjalo ukujoliswa kuthando lwabantu ababini abathandanayo njengendoda nomfazi, okanye abantu ababini abathandanayo abanesini esinye.

Umbhali ukwandibonisa nomfanekiso wento ethandwa nguwonkewonke efana nomdiza okanye ucantsi. Yomibini le mizekeliso iyathandwa ngabanikazi bayo. Ndithande indlela

umbhali abalisa ngayo apho kukho incoko yabantu ababini, ze kuphinde kubekho ingcaciso okanye umbhali ayenza phakathi kwakhe kwakunye nomfundi. Ndithanda nangakumbi umfanekiso ngqondweni andizobela wona njengamfundi. Ibali lakhe alihambi lodwa koko nathibantu siyalilandela ngokungathi singaphakithi ebalini.

Ibali elithi “Inkwenkwe Iyafana Nenyeye” lombhali uW.N. Mbovane, ndifumanise ukuba lifana ncakasane nendlela endithi ndibhale ngayo inxenye yamabali endiwabhalayo. Ndithe xa ndifunda kwangathi umbhali uza kuthi “Kwathi kaloku ngantsomi. Intsasa yayizole kamnandi kuphephezela umoya omyoli”, ze atyatyadule abalise ngale nkwenkwe isihloko sayo sithi “Inkwenkwe Iyafana Nenyeye. Ndithanda indlela umbhali abonisa ngayo isakhono sokubhala ngombandela onemfundiso nontsokothileyo, awenze ibe ngumbhalo onika umdla kubafundi.

### **Uhlalutyo Lweencwadi**

Njengoko ndibhala ngeelwimi ezimbini, isiXhosa nesiNgesi, apha ndiza kuphawula kuphela iincwadi ezine endithe ndaba nomdla wokuzihlalutya.

Eyokuqala incwadi ngokubhalwe nguE.L. Xametsata “Ntliziyo Ungumkhohlisi.” Eyesibini incwadi ngokubhalwe nguW.B. Rubusana “Zemk’ iinkomo Magqwalandini” eyesithathu incwadi ngokubhalwe nguR.L Peteni “Kwazidenge, eyesine ngokubhalwe nguP.T Mtuze, Alitshoni Lingaphumi.”

Ngoko ndivumeleni ndiphawule ndenjenje, eyona nto ndiyiphawulileyo ngawo amabali la, yindlela athe abhalwa ngayo. Umzekelo incwadi “uKwazidenge” kum indibonise isakhono ezazibhalwa ngayo iintsomi zasemabalini ngakumbi ezo zinxulumene nemilo yamakhwenkwe elali. Ngokunjalo kuquka ukulandelelana kokubhalwa kwesahluko ngokungathi yingoma ehleli emxhelweni ngokubetha kolwimi nangesandi. Ezinye izahluko ndizifumanise zityatyadule kakhulu naxa ndithelekisa ezi ncwadi zingezantsi.

Ndivuyile xa ndifunda kwananjalo ndibona indlela umbhali uW.B. Rubusana ebhale ngokohlobo nam endithe ndaba ndibhale ngalo ibali likaMalaleveva noNtakumba. Umzekelo, sifumanisa isihloko esingumkhombandlela webali njengesi “Umsitho Wamaxhosa” ze kulandeliswe ngezihlokwana eziqala ezinye iingcaciso eziphangaleleyo ezifana nezi “Ukufilisha, Ukukhlolela, Umsitho.” Njalo-njalo. Zonke ezi zahlukwana zinamabalana azo ezijoliswe kusingaye womxholo ongoMsitho WamaXhosa.

Apha ekubhaleni, ndiqaphele ukuba ndiyaluthanda ufundo oluquka ukubhalwa kweleta, umzekelo masithi uNozala ubhalela unyana wakhe osemangelweni. Yiyi kanye le ndlela endivamise ukubhala ngayo esiNgesini, nendithe ndanochulumanco xa ndifunda isahluko sesi3, esithi “Ntab’ ezikude Ngamasithela” ngokubhalwe nguE. L. Xhameshata.

Lilonke liyinyani elithi “Ukuze ube ngumbhali, funda ngabanye ababhali, ngakumbi indlela abathi babhale ngayo.” La mazwi sisonka semihla ngemihla esinebhotolo esisoloko sisinikwa ngootishala bonke bezifundo zeMA kubuGcisa bokuBhala.

### **Alitshoni Lingaphumi ngokubhalwa nguP. T. Mtuze**

Le ncwadi yenye yeencwadi endibenomdla kakhulu ukuyihlalutya nendingayibalulayo kuluhlu lweencwadi ezithe zabhalwa nguMbhali uP T Mtuze. Le ncwadi ishicelelwe ngomyaka we1986. Isalathiso sale ncwadi siquka izahlukwana ezilishumi elinesibhozo athetha ngeendidi ezahlukeneyo ngokwentlalo yoluntu ngakumbi abantu abantsundu kwilizwekazi uMzantsi Afrika. Nto leyo endithe ndafunda lukhulu kuyo ngeembali zamandulo apho inxenye yazo singazinto ngazo.

Zonke ezi zahlukwana ziqulathe iimfundiso ezakhayo nangona isekelwe kubalinganiswa kwakunye namabali athe aqwetywa ukwenzela ukuba umfundi abe nomdla ngako oko unobalisa azimise khona intente zakhe. Apha kwesi sigaba ndiqaphele indlela umbhali athe wabhala xa ebhala ngabalinganiswa. Ndlela leyo enika umdla kwindlela endinokuyisebenzisa ekutyebiseni ukubhala ngomlinganiswa ngamnye ebalini.

Ndiqaphela ukuba ezi zahlukwana azinde kuyaphi, noko kunjalo intsingiselo efumaneka kuwo yephangaleleyo. Ndikwaqaphele nokokuba izihloko zala mabali azimlahlekisi umfundi, ziqonda ngqo apho ithole lifele khona. Umzekelo isifundo esithi, *UMdlalo Wamakhwenkwe* lusizobela umfanekiso ngqondweni ngendlela athi amakhwnkwe aba nehloombe ngayo xa kusiyiwa emidlaleni xa ekhalisa iimpempe zawo esithi Pr-r-pr-r-r-r! naxa ekhalisa imilozi esithi Vityo-o! Vii-tyo-vi-tyo-o!

Akukho mathandabuzo nakumfundi ongazange awabone amakhwenkwe emdlalweni. Enye into endithe ndayiqaphela kulo mbhalo kukuba onke la mabali aqulathwe aze ajoliselwa kumlinganiswa omnye, nangona bekhona abanye abalinganiswa abadlala indima yabo kwalapha ezahlukweni. Ezi zahluko zibhekisele kwintlalo yoluntu ngakumbi uluntu olusezifama.

Ezi zahlukwana ziqondisele ekukhankanyeni nendima ethe yadlalwa lualucalulo olwaluphenjelelwa zezepolitiki nobandlululo olwaluvamile ngakumbi ezifama ngexesha lengcinezelo. Apha andizami ukuphengulula oko umbhali sele ekutshilo, koko ndibonisa ezam izimvo ngendlela umbhali athe wasizobela ngayo umfanekiso ngqondweni kula mabali.

Kwananjalo, ndithanda indlela athi asihlekise ngayo nakubeni abantu abantsundu bebephantsi kwengcinezelo ngelo xesha. Umzekelo, usizobela umfanekiso ngqondweni wegusha ebiweyo ethi ithiywe igama lokokuba nguShoti khon' ukuze wonke ubani angamthatheli ngqalelo uShoti lo de kudule ukuba lo Shoti yigusha ebiweyo.

Aphinde asihlekise ngokufefa amanzi ebantwaneni ukubhida umkhondo wokokuba inyama yagqityelwa nini kwelo khaya. Kwakhona, kuyachukumisa kakhulu ukufunda ngomfuduko yabantu besiwa apho bangaziyo khona, beshiya ngasemva amadlaka ookhoko.

Apha umbhali usibonisa esinye isakhono sakhe njengombhali xa athi aphozise amaxeba emfuduso ngokubhala umbungo wembongi 'uNyokonyibhoxo.'

Umbuzo ngowokuba, kazi ebeya kuthini umbhali xa isizukulwana sikaRharhabe sisafudukiselwa eMetele nakule mihla? Umbhali uMtuze ubhalile ngokubanzi ngolwimi lwakwantu de kuwo lo mnyaka wama-2019 wawongwa ngesidanga sobugqirhalwazsokumnik' imbeko ngenxa yemisebenzi yakhe ekuphuhliseni ulwimi lwesiXhosa.

Ngoko ke njengombhali, ndibone sibalulekile isakhono andifundise sona sokukwazi ukubhala nangayiphi na imeko entlalweni yoluntu, ngendlela ebonisa isakhono sam kwiindlela ezahlukahlukeneyo ngeziganeko zamandulo kwanezo zakutsha nje. Ndifunde ngobuncwane bokuhlekisa, nokokuba into ayihlekisi.

### **Ucweyo Lofundo Lwamabali**

NgoMgqibelo womhla wamashumi anesibini kwinyanga kaJulayi, 2019, ndiye ndanocweyo lofundo lwemisebenzi endithe ndayibhala. Olu fundo bendiluqhubela kwiholo apho inxenye yabafundi abenza izidanga zabo zokuqala kwakunye nabo babizwa ngokuba zii-*Post Graduates* beYunivesithi iRhodes batyela khona.

Ndikhethe amabalana amathathu ndijolise kule nyanga yesikhumbuzo ngoBawo uMandela.

- Oyena Mfo Ndimthandayo
- Umyeni kaNofezile
- Entle Kangaka

Eneneni ndithe ndisakuba ndigqibile ufundo olo, bahlomla abasebenzi. Utata wokuqala uphawule ngendima edlalwe nguBawo U Mandela kwisizwe esintsundu ekulweni ucalucalulo, nangona ngoku iinkokheli ziwusengela phantsi loo msebenzi ngokungafezekisi iimfanelo zabantu.

Kananjalo ufundo lwesibini “uMyeni kaNofezile.” Ufundo Lwesithathu “Entle Kangaka” asikhangela sikwazi ukuwushukuxa njengoko ixesha belisele limkile. Ndiye ndabulela kakhulu ngexesha abathe bandinika lona. Kwananjalo, alisabangakho ixesha lokwenza ucweyo lokubhala.

Kwelam icala bendothuswe linani elincinci elithe lakwazi ukubakho kucweyo. Noko kunjalo ndiye ndaqhubeka nofundo olo. Kwintlangano ebendithe ndanayo kunye nomhlohli wam uManga Buzani, uthe inani belingenamsebenzi ngendiqhubekile ngocweyo lokubhala. Ndithembise ukuba ndakuphinda ndilandelise ngalo ngakumbi sele luqhube kakuhle ucweyo lofundo lwamabali.

### **Ingxelo Ngengxelo Yomhlalutyi Wala mabali**

Apha kwesi isigaba, iinjongo zam zezo zibhekisele ekuvakaliseni izimvo zam ngokunxulumene nokufundwa kwethisisi le ngumhlalutyi wamabali endithe ndawabhala.

Ndiphawule okokuba umhlalutyi ukhankanye okokuba umbhalo uvulwa ngengxoxo phakathi kwezinzambuzana ezimbini, uMalaleveva kwakunye noNtakumba nathe xa ewuqwalasela nzulu lo mbalo wafumanisa ukuba asiyontsomi le nanjengoko isishwankathelo sisitsho. Le ngxoxo phakathi koMalaleveva noNtakumba abadlali abaphambili ingoopopayi.

Ndivuyile ngeso siqinisekiso nathe wasibiza okokuba yi-*animation flash fiction*. Nangona kunjalo, umhlalutyi ubalule ekwahlaba amadlala kwimiba endithe andayiphuhlisa ngokuqgibeleleyo, nethe wagxininisa okokuba ndiwuqaphele xa ndibhala.

Ndiye ndayiphawula le miba ndaza ndenza unakonako wokuyiphuhlisa imibhalo yam njengoko kukhankanyiweyo ngumhlalutyi. Umzekelo, ndithe ndawalungisa kutsha onke amabali ngokunxulumene nendima yesiqalo, isiqu, kwanesiphelo sebali.

Ndikwazamile ukuzobela umfundi umfanekiso ngqondweni wendawo apho umzekelo, ingxoxo kaMalaleveva noNtakumba ibisenzeka khona. Kwananjalo ndikwanabisela umfundi ngoSanti nendima yakhe kulo mbhalo.

Ndiwathandle kakhulu amazwi enkuthazo asuka kumhlalutyi ngayo limibhalo ngezinambuzane. Ngakumbi leyo yokugxininisa kwizinto ekufuneka ndigxininise kuzo khonukuze umbhalo wam ubenokuphuhliseka.

Amabali alandelayo phantsi kwesigaba sesibini, ngalawo aqulathe amabalana amafutshane njengo, Unokati neVasikom yamanzi njalonzalo. Nalapha kwelibalana, ndiyendabeka intente zam apho umhlalutyi agxininise khona, ekubeni umxholo webali lam ndiwubeke ekuqaleni hayi esiqwini. Ndiyendenza njalo nakwamanye amabali alandelayo.

Oku kugxininisa kohlobo lokubhala, ndiye ndaba ndisebenzisa iTeliki (Italic) kumagama angengawo awolwimi lwesiXhosa

### **Uqukumbelo**

Ngokufuthelwa ngababhali ngababhali abafana noMqhayi, Mtuze, Wellington Moya, Gcina Mhlophe, Nontsizi Mgqwetho, Minazana Dana, nabanye ndivelise le thisisi nale potifoliyo. Uwonke lo msebenzi, nangona ujonge impilo yoluntu, ukwasisixhobo sokukhulisa ababhali basetyhini. Asiyomfihlo ukuba inani lababhali abangamadoda liphezulu le xa kuthelekiswa nenani lababhali baasetyhini. Ngalo msebenzi, ndinomnqweno wokuba nenekazi lithile lawuthi liwufunde nalo likhuthazeke, lithabathe usiba, liqhubeke, landise apho ndisilele khona, ngethemba lokuba nalo lakukhuthaza abanye lide linyuke inani lababhali basetyhini. Umqweno ayikokunyuka kwenani kuphela koko ikwakukunyuka kwenqanaba lomsebenzi obhalwe ngamanina. Mzi wakuthi, xhwithani ke, nisikelane ukuze sakhane sikhulise unwadi lwethu.